


# AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESIXHENXE <sup>1</sup>

 ...ubusuku, nokuva uJoyce ecula. Ingaba beniyazi ukuba okuya ngummangaliso ngokwawo? La ntwazana incinci, ingacinga njani ngako konke okokuya? Kwaye ngabusuku ngabunye isenzele enye entsha. Indlela anokucinga ngayo konke okuya, okuya ngenene bubucwephesha. INkosi isikelele la mntwana.

<sup>2</sup> Ngoku, ngomso, ngecala leyesibini, kwikhaya lokungcwaba eCharlestown, Indiana. Owethu othandekayo, omkileyo udade, uDade Colvin, simnika imbeko yokugqibela kuye, kwi—kwikhaya lokungcwaba nasengcwabeni, ngomso emva kwemini. Omnye othe waphila njengoko ninjalo ngobu busuku, kwaye ugqithele ngaphaya kwekhuselo apho niyakuya khona ngelinye ixesha. Kwaye bonke abathanda ukuya kwinkonzo, kutheni, bamkelekile ukuza. Eneneni iyakuba luncedo olukhulu kusapho lakwaColvin, ukwazi ukuba umnquba apha, apho bathe bonke baya ebandleni ixesha elide, kunye nanjalo njalo, iya...Siyakuvuya ukuba nani ninyuke. Kwaye ndicinga i... uMzalwana wethu othandekayo uMcKinney, lowo owathi washumayela kumngcwabo womntakwethu, iminyaka emininzi egqithileyo, uneyona ndawo yesingcwabo, kwaye bendiceliwe ukuba ndize ndimncede kwi—kwiinkonzo zesingcwabo.

<sup>3</sup> Ngoku, bendisemva kwexesha kancinci, ngobu busuku. Ndibe neentsimbi ezininzi emlilweni, andazi yeyiphi indlela yokuhamba. Kukho iminxeba emininzi, kwaye okukutyoboka neengozi, nabantu betsala umnxeba, besiza. De, ndabe ndishiya iLouisville, kwimizuzu embalwa egqithileyo, ukuza emva apha ngokukhawuleza, nokushiya iminxeba eliqela exinanisa ngenene kwaye efanelwe yenziwe, ndiyaqikelela, nangoko, ngobu busuku. Kwaye ngoku sithandazeleni njengoko siqhubeka.

<sup>4</sup> Kwaye ngale ntsasa a—andizange ndifike kwi—kwisiqendwana sam, kwisahluko se-7 seNcwadi ya—ya—yamaHebhere. Kwaye ngelixa sityhila kuyo, ngobu busuku, ndifuna ukwenza isibhengezo malunga nomhlangano kaMzalwana uGraham Snelling, phezulu ententeni phezulu apha, ekupheleni kwe Brigham Avenue. Ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukubuya ngoLwesithathu ebusuku. Kwaye phaya siyakubeka ubusuku obuthile okokuba sizakuya njengesigqeba, ngale veki ngexesha elithile, ukuya kutyelela uMzalwana uGraham emhlanganweni. Kwaye yena yi...uthi,

“Unesihlwele esihle.” Kwaye—kwaye uyakukuxabisa ukuza kwethu, ukwenzela olu ncedo. UMzalwana uGraham Snelling, nabani wenu uyaya emhlanganweni, okanye ofunayo, wona nje usekupheleni kweBrigham Avenue phezulu apha. Nabani angakuxelela apho ukhoyo. Kanye ekupheleni kwamabala okudlala, intente ibekiwe. Uyayixabisa intsebenziswano yenu. Ngokuba, thina njengomnquba siyinqophisile intsebenziswano yethu kunye naye, ikhulu lepesenti, ke sizama ukunceda.

<sup>5</sup> Ngoku, ngoko msinyane siyehlela endaweni ye, iNkosi ithandile, ukuya kwisahluko se-11 samaHebhere, kubusuku obumbalwa, ukuba uThixo uthandile, kwaye phaya ndicinga sizakuba nexesha elimnandi kanaanjalo.

<sup>6</sup> Owu, iNkosi isisikelele ngale ntsasa ngendlela emangalisayo, indlela ethe Yona yaphokoza uMoya waYo phezulu kwethu! Kwaye ngoku, ngobu busuku, silindele Yona ukuba iyenze kwakhona; kuze emva koko ebusuku ngoLwesithathu, nokuqhubeka. Kwaye—kwaye ubusuku endibuphosayo, uMzalwana uNeville uyakuba lapha ukuyichola, ukuba andikho.

<sup>7</sup> Andizange ndazi into endizakuyenza, ungaba lapha ngale yure, kuze ngenye iyure ubizwe eCalifornia. Yabona, akwazi nje apho iNkosi iyakuthumela. Eso sisizathu kunzima kum ukwenza isikhokelo nkqubo ndize ndithi siya—siyakwenza *nje-na-nje*. Ndingaqalisa ukwenza into ethile, iNkosi indithumele ndaweni ithile ingenye. Yabona? Ke asazi nje oko Iyakwenza. Kodwa, “Ukuba iNkosi ithandile,” siyayitsho. Kwaye ndicinga siyalelwe, okanye siyalelwe ukuba, eBhayibhileni, “Ukuba iNkosi ithandile, siyakwenza ezi *nje-na-nje* izinto.” Ke ukuba akwenzeki senze umiselo maxesha esithi si...okanye sizalisekise umiselo maxesha, siziva ngokuba mhlawumbi iNkosi ibe ingafunanga ukuba yona yenzeke.

<sup>8</sup> Ngenye imini, sasibanjezelwe, uMzalwana uRoberson kunye noMzalwana uWood kunye nam. Kwaye samangala, “Kutheni?” Sihleli phaya, sijonge kwimephu, sisihlela kanye ezantsi, kwaye saqhuba amashumi amahlanu eemayile ngokuthe nkqo ukuya emva emantla kwakhona endleleni. Kwaye ndandihamba kwindlela ephakamileyo kusukela ndandineshumi elinesihlanu iminyaka ubudala. Ndaza ndamangala ingaba ndayenza njani. Sasimi phaya, sonke sobathathu. Sonke sasihambe ngendlela ephakamileyo. Sijonge kanye kwimephu, sigcine ku 130, sisiza ngeIllinois, saza senza ukujika kancinci, singaqaphelanga ukuba ilanga lalisemva kwethu endaweni yokuba ngaphambi kwethu. Sasisiya emantla endaweni yokuya emazantsi. Kwaye into yokuqala oyaziyo, sanqumla indlela, ndathi, “Lena asiyondlela echanekileyo.” Sajonga ezantsi phaya, saza safumanisa, sasingamashumi amahlanu eemayile ukuphuma endleleni. Simke kanye ngqo ukuya emva...?...

<sup>9</sup> Emva koko xa sabuyela emva, sa—sasithetha. Ndathi,

“Niyayazi kutheni? Si... INkosi ingabe isenze sagqitha ngale ndlela, ukusinqanda ekubeni nengozi embi ezantsi apha ndaweni ithile, ibinokwenza into ethile engenye. Siyayazi ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bayithandayo iNkosi. Yilonto kuphela ekufuneka siyigcine engqondonweni.”

<sup>10</sup> Ngoku, ngobu busuku, siyaqalisa ngoku ukwenzela isifundwana esincinci. Kwaye ukuba ndi... Andicingi siyakufika ezantsi, mhlawumbi siyakuyenza ngobu busuku, kwi... Esi sisahluko esikhulu semfundiso ekukhupheni isishumi, ebandleni. Lona ngumxholo omkhulu, ntoleyo esinokuhlala kuyo iiveki neeveki, kulanto inye, indlela u-Abraham wahlawula izishumi kuMelkitsedeki, nokokuba sibabalulekile.

<sup>11</sup> Ingaba esi sipholisi moya sivisa kabahlungu nabani na emva phaya? Ingaba ningathanda sicinywe? Ukuba sivisa kabuhlungu nabani, sivuthela ebusweni babo, nasiphi isipholisi moya. Ukuba kunjalo, phakamisani nje izandla zenu. Kwaye, okanye nje thumela omnye wabancedisi, thumela umntu othile aye kumzalwana apha, uyakunicimela. Kwaye ngahlobo luthile ndiyasicima nam siqu; Ndiba shushu ndize ndibile, emva koko, into yokuqala oyaziyo, ndi—ndisisitshoto. Ke, ikuni, ayisokuze indikhathaze mna nangayiphi indlela. Sifuna nina nihlaliseke kakuhle ngoku.

Asizukuzama ukuthabatha ixesha elininzi lenu, kodwa nje sizakujonga ngqo eLizwini. Kwaye ngaphambi kokwenza lonto, masithethe noMbhali nje umzuzu.

<sup>12</sup> Ngoku, Bawo waseZulwini, asazi yintoni ekuvimba. Kodwa into ekuphela kwayo esiyaziyo, kwaye siqononondisiwe, ukuba izinto ezilungileyo zileli phambi kwethu. Kuba kubhaliwe, “Iliso alikubonanga, indlebe ayikuvanga, ingathanga qatha nasezintliziyweni zabantu, oko uThixo abagcinele kona, abamthandayo Yena.”

<sup>13</sup> Kwaye siyathandaza ukuba Uyakuvula iifestile zeZulu ngobu busuku, kuvimba Wakho, uze usinike iLizwi Lakho, eliyakuba yinto efanelekileyo, into yokwangeza ukholo lwethu njengamaKristu, ize isenze sizinze ngakumbi—ngakumbi kwiVangeli, kunoko sasikuko xana sangenayo. Siphe oko, Bawo. Wanga uMoya oyiNgewele ungathabatha iLizwi likaThixo ulise Lona kwintliziyo nganye njengoko sinesidingo. EGameni likaYesu, siyathandaza, uNyana Wakho othandekayo. Amen.

<sup>14</sup> Ngoku, ngale ntsasa, ekushiye ni umqolo wokugqibela ukwenzela isahluko se-6, ukuze sibenakho ukuya ngqo kwese-7.

*Apho umanduleli wethu wangenayo, uYesu, wenziwa umbingeleli omkhulu osa ephakadeni, ngokohlobo lukaMelkitsedeki.*

<sup>15</sup> Ngoku sizakufunda imiqolo emithathu yokuqala, okanye imiqolo emibini yokuqala, okanye imiqolo emithathu yokuqala, gxebe, yesahluko se-7, ukuze sibe nokuqalisa kanye ngoko.

*Kuba lo Melkitsedeke, kumkani waseSalem, mbingeleli kaThixo Osenyangweni, owahlangana no-Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani, waza wamsikelela;*

*Awathi u-Abraham wamabela nesishumi sezinto zonke, (naso isishumi sakho); ukuqala ukuthetha ngentetho evakalayo Kumkani wobulungisa, . . . kamva abe nanguKumkani weSalem, oko kukuthi, Kumkani woxolo;*

*Engenayise, engenanina, engenamlibo wakuzalwa, . . . engenasiqalo . . . engenaso nasiqalo samihla, nasiphelo sabomi; kodwa enziwe wafana noNyana kaThixo; ehleli engumbingeleli ngokungapheliyo.*

<sup>16</sup> Enjani ukumangalisa intetha! Ngoku kuzakufuneka sibuyele emva kwiTestamente Endala, ukomba sikhuphe ezipete zinkulu. Kwaye, owu, indlela endizithanda ngazo!

<sup>17</sup> Niyayazi, phandle e-Arizona, sasiqhele ukuzingela izombiwa. Kwaye besiyakufika kwisiqwengana esilungileyo ukujongeka somhlaba, uMnu. Mc Anally kunye nam. Kwaye besiyakubona indawo apho ikhangeleka, kwimingxunya emincinci, apho umgxobhozo omncinci, abakubiza “migxobhozo.” Kwaye bendiya . . . Ebeya kundenza ndehle ndize ndihlikihle isanti kwaye “whew,” ndiyivuthele. Emva koko ndihlikihle kwaye “whew,” ndiyivuthele. Kwaye ndamangala kutheni esenza oko. Ndaza ndafumanisa, uyabona, xana uvuthela isanti, iyakuba khaphukhaphu. Kwaye konke, nkqu nakwilothe, ikhaphukhaphu kunegolide. Igolide inzima kunelotho. Ke xana uvuthela, yonke intsalela yezinyithi nesanti nomhlaba ziyakuvuthuluka, kodwa igolide iyakusala emhlabeni. Ngoko ke, ukuba unokuhlambekileyo phezulu *apha*, ibonakalisa kukho phaya umcwe wegolide ndaweni ithile phaya. Lemvula ihlambe yakhupha la masuntswana mancinci. Ke ngoko sifumana iipeki nanjalo njalo, size sombe induli, phantse, sizama ukufumana igolide. Sigrombhe imingxunya emhlabeni, siyombe. Sifake idamanethi, siyiqhushumbise. Siqhubeka siqhushumbisa imigodi, sisehla de siyifumane, ukufumana owona mjelo. Ngoku, oko koko sikubiza “ukuzingela izombiwa.”

<sup>18</sup> Kwaye ngobu busuku sizama ukufumana iLizwi likaThixo, size siLisebenzise ngamandla kaMoya oyiNgcwele, ukuqhushumbisa konke ukungakhathali nokuthandabuza kumke kuthi, zonke ezi zinto zincinci zingenamsebenzi ezingenaso nje nasinye isiseko, azinabo nabunye ubunzima ebomini bethu, sifuna ukuqhushumbisa imke ukuze sibe nokufumana loMjelo wozuko. LaMjelo nguKristu.

<sup>19</sup> Kwaye ngoku wanga uThixo angasinceda njengoko sifunda kwaye sifundisisa eLizwini Lakhe. Ezokugqibela, ezigqithileyo ezintathu izahluko, phantse, besithetha ngokuva, nje ngeloxesha neloxesha, uMelkitsedeke.

<sup>20</sup> Ngoku, ndicinga uPawulos unika utoliko olulungileyo.

*Kuba loMelkitsedeke, ukumkani weSalem, . . .*

“Kumkani weSalem.” Kwaye nasiphi isifundiswa seBhayibhile siyayazi ukuba iSalem ngaphambili yayiyi . . . IYerusalem ngaphambili yayibizwa “Salem.” Kwaye Yena wayenguKumkani weYerusalem. Qaphela Yena.

*. . . umbingeleli woThixo Osenyangweni, (lowo ngumthetheleli), owahlangana no Abraham . . .*

Ndifuna ukufumana umlibo Wakhe wokuzalwa, le Ndoda inkulu, ukuze nazi Ngubani Yona, kuqala, kuze emva koko ni . . . siyakuqhubekeka ngeli bali.

*. . . ekubuyeni ekubalaleni ookumkani, waza wamsikelela;*

*Kuye . . . U-Abraham wakhupha isishumi . . .  
kuqala . . . ngentetho evakalayo Kumkani  
wobulungisa, . . .*

Ngoku qaphela, “Ubulungisa.” Ngoku, sinobulungisa obubobethu, sinobulungisa bokholo lokuzenzisa, sinobulungisa obugqwethekileyo, zonke iintlobo. Kodwa bunye kuphela ubulungisa, kwaye obo bulungisa busuka kuThixo. Kwaye le Ndoda yayinguKumkani wobulungisa. Ingaba yayinokuba Ngubani?

<sup>21</sup> Ngoku, Yona yayinguKumkani wobulungisa, uKumkani weYerusalem, uKumkani wobulungisa, uKumkani woxolo. UYesu wayebizwa, “INKosana yoxolo.” Kwaye inkosana ngunyana kakumkani. Ke, le Ndoda yayinguKumkani woxolo, ngoko Yona yayifanele ibenguYise weNkosana yoxolo. Niyayifumana?

<sup>22</sup> Ngoku masibone, fumana umlibo Wakhe wokuzalwa umganyana, ukubona apho siya khona.

*Engenayise, . . .*

Ngoku, uYesu wayenoYise. Ingaba niyakukholelwa oko? Ngokuqinisekileyo Wayenjalo.

*. . . engenanina, . . .*

UYesu wayenonina. Kodwa loMfo wayengenayise engenanina.

*. . . engenamlibo, . . .*

Akazange abe naye nomnye Awaphuma kuye, namnye umlibo. Wayesoloko ekho. “Engenamlibo.”

*. . . engenaso nasiqalo samihla, . . .*

Akazange abe nalinye ixesha Awakhe waqala ngalo.

*... nasiphelo sabomi; . . .*

Ibingenakuba yiyo nanye enye into ngaphandle koThixo. Kuphela kwento Ebinokuba yiyo.

<sup>23</sup> Ngoku, ngoku ukuba niyakuqaphela njengoko sifunda umqolo olandelayo. Yabona? “Kuqala, ngentetho evakalayo, Kumkani wobulungisa.” Oko asikuko apho ndifuna ukukwenza. U—umqolo we-3:

*... engenasiphela sabomi; kodwa enziwe ngokufana noNyana kaThixo; . . .*

Ngoku, WayengengoNyana kaThixo, kuba, ukuba WayenguNyana, Wayenesiqalo. Kwaye le Ndoda yayingenasiqalo. Ukuba WayenguNyana, kwakufanele Abe noyise nonina. “Kwaye le Ndoda yayingenayise ingenanina. Kodwa yayenziwe *ngokufana* noNyana kaThixo.”

*... ohleli engumbingeleli ngokungenasiphelo.*

<sup>24</sup> Ngoku, UNgqr. Scofield uzama ukutsho, ukuthi, “Yayibubingeleli, obubizwa, ‘Ububingeleli bukaMelkitsedeke.’”

Kodwa ndifuna nje ukukucela umngeni kokuya nje okwemizuzu embalwa. Ukuba yayibubingeleli, ngoko babufanele bube nesiqalo, kwaye babufanele bube nesiphelo. Kodwa, “Lona wayengenasiqalo okanye engenasiphelo.” Kwaye akathanga wahlangana nobubingeleli. Wahlangana neNdoda, waza walibiza iGama Layo “Melkitsedeke.” YayinguMntu, hayi ihlelo, hayi u—u—ububingeleli okanye ubuyise. Ngokuqinisekileyo wayeyiNdoda eGama linguMelkitsedeke, owayenguKumkani weYerusalem. Hayi ububingeleli, kodwa uKumkani engenayise. Ububingeleli abunayise. “Kwaye leNdoda yayingenayise, ingenanina, ingenasiqalo samihla okanye isiphelo sobomi.” Ngoku, uNyana kaThixo . . .

<sup>25</sup> Yayingubani lona, lona yayinguYehova. Lona yayinguThixo uSomandla Buqu. Ibingenakuba nguwumbi.

<sup>26</sup> Ngoku qaphelani, “Uphila ngonaphakade.” Unobungqina apha, bokuba, “Uyaphila. Akazange afe.” Akazange . . . Akazange abe yinto yimbi ingenye kuphela uyaphila. “Uphila ngonaphakade.”

<sup>27</sup> Ngoku, uYesu wenziwa, ngokufana naYe. Ngoku, isizathu sokuba kubekho umahluko phakathi koThixo noYesu: UYesu wayenesiqalo; uThixo wayengenasiqalo. UMelkitsedeke wayengenasiqalo, kwaye uYesu wayenesiqalo. Kodwa uYesu wenziwa, ngokufana naYe. “Umbingeleli, ophila ngonaphakade.”

<sup>28</sup> Ngoku, xana uMelkitsedeke wayesemhlabeni, Wayengeyonto ehlabathi kuphela u—uYehova uThixo enziwe

wabonakala ngendalo, Yena wayelapha njengomzimba welizwi. U-Abraham wakhe wahlangana naYe, ententeni yakhe. Kwaye njengoko besitshilo ngale ntsasa, “U-Abraham wamqonda Yena. Kwaye Wamxelela u-Abraham Awayezakukwenza, ngokuba Wayengazakushiya indlalifa yehlabathi iyimfama kwizinto Awayezakuzenza.”

<sup>29</sup> Ndingema apha okomzuzu, ukuthi, uThixo usenoluvo olukwalunye malunga neBandla Lakhe. Aningobantwana bobumnyana. Ningabantwana bokuKhanya. Kwaye i... thina aba... “Banoyolo abanobulali, kuba bona bayakuwudla ilifa umhlaba.” Kwaye uThixo, Owenza ku—ku Abraham, owayezakuwudla ilifa umhlaba...Kwaye Wathi, “Andisayi kufihla zinto kwindoda ezakudla ilifa umhlaba.” Kukangakanani ukuba ngaphezulu Ayakutyhila iimfihlelo Zakhe kwiBandla Lakhe elizakudla ilifa umhlaba!

<sup>30</sup> UDaniyeli wathi, “Kumhla wokugqibela bayakuhla benyuka, ulwazi luyakwanda.” Kwaye wathi, “Izilumko ziyakumazi uThixo wazo, ngala mhla, kwaye bayakwenza imisebenzi emikhulu encamisayo ngala mhla. Kodwa abangendawo abayikumazi uThixo weZulu.” Bayamazi Yena ngokwesimo nangokwesithethe, njengesifundo sethu sokuqala sitshilo, kodwa abamazi Yena ngendlela yengqibelelo.

<sup>31</sup> Kwaye uThixo angasebenza kuphela ngengqibelelo, ngokuba UGqibelele. Malibongwe iGama Lakhe! Ifanele ibe lijelo eligqibeleleyo asebenza ngalo uThixo, kuba Akanakwenza nto yimbi kuphela ukusebenza ngengqibelelo. AkanakuZidyobha nangayiphi indlela. Kwaye ngoko yilonto uYesu weza kuthabatha asuse izono zethu, ukuze sibe nokugqityeleliswa, ukuze uThixo abenokusebenza ngeBandla Lakhe. Phaya kulapho imfihlo ilele khona.

Phaya kulapho ihlabathi limfamekileyo. Phaya kulapho bafuna ukutsho, ukuba, “Uphulukene nengqondo yakho.” Phaya kulapho bafuna ukuthi, “Akuyazi into othetha ngayo.”

Ngokuba, “Izinto zeNkosi zibubudenge kubulumko beli hlabathi. Kodwa izinto zehlabathi zezenyama kwikhohla.” Ke, ungununtu owahlukileyo, uphila kummango owahlukileyo. Akusenguye oweli hlabathi. Udlulile kobu bomi wangena kuBomi obutsha.

<sup>32</sup> Ngoko ke, uThixo utyhila, hayi ehlabathini, hayi kwipsychologist, hayi kubalungiseleli abafundileyo, kodwa kwabathobekileyo entliziyweni. Abantu Bakhe abanobulali, Uyakutyhila iimfihlelo zezinto ezinkulu zikaThixo, kubo. Niyayibona?

<sup>33</sup> Ngoku, ngoku, u-Abraham wayezakulidla ilifa ihlabathi. Ngayo i...IMbewu ka-Abraham zazizakusikelelwa zonke izizwe. Ke uThixo wehla waza wathetha kuye, kwimo yoMntu.

Ngoku, uThixo wabe esoloko esemhlabeni. UThixo akazange wawushiya umhlaba. Ukuba Angakhe awushiye umhlaba, andiyazi ubuyakuba yintoni. Kodwa uThixo wabe esoloko elapha kwisimo esithile. Owu, malibongwe iGama Lakhe!

<sup>34</sup> Wayekunye nabantwana entlango, ephuma eYiphutha, ekwimo yokuKhanya. Wathetha no Abraham ekwimo yoMntu. Wathetha noMoses ekwimo yoMntu. Wathetha neBandla ekwimo yoMntu, uNyana Wakhe, uKristu Yesu.

Kwaye Uthetha ngeBandla Lakhe namhlanje, ngelithanjisiweyo iBandla loThixo ophilayo, ngezitya zodongwe. “Ningamasebe. NdinguMdiliya.” UThixo usathetha, kwaye ihlabathi limbona uYesu njengoko nimbonakalisa Yena. Leyo yindlela ihlabathi libonayo... “Nizincwadi ezibhaliweyo, zifundwa ngumntu wonke.” Ubomi benu buchaza into eniyo.

<sup>35</sup> Ngoku, lo Abraham endleleni yakhe, ekubuyeni. Sizakuya emva size sifunde malunga naye nje imizuzu embalwa, eNcwadini yeGenesis. Kwisahluko se-14 seGenesis, ndiyakholwa siso. Owu, lihle kanjani ibali elilapha! Ngoku, sonke siyazi ngo-Abraham, indlela uThixo awambiza ngayo ukumkhupha kumhlaba wamaKhaledi kwisixeko sase Ure, waza wamxelela azahlule kwizizalwana zakhe.

UThixo ubiza amadoda okanye abafazi, Ubiza iyantlukwano.

<sup>36</sup> Ngoku, yilonto eyingxaki namabandla namhlanje, awafuni kuzahlula kwamadala enyama amakho... abangakholwayo. Yilonto singenakubheka phambili. Singena nje kolakhukuliso lwenyama, size—size sithi, “Owu, uJim ngumfo olungileyo, ukuba uyasela. Ukuba u... Kwaye ndiya kunye naye kwigumbi lepool, kodwa andidlali pool. Ndi—ndi—ndiya naye epatini. Baxela iziqhulo ezimdaka, kunye nanjalo njalo, kodwa andixeli nanye.”

<sup>37</sup> “Phumani phakathi kwabo.” Injalo lonto. “Zahlule. Musa ukuchukumisa izinto zabo ezingahlambulukanga, kwaye Ndiyakunamkela,” itsho iNkosi. “Musani ukumanywa nabangakholwayo, ukumanywa ngokungalinganiyo.” Musani ukuyenza. Zahluleni.

<sup>38</sup> Kwaye uThixo wabiza u-Abraham ukuba azahlule kuzo zonke izizalwana zakhe, aze ahambe naYe. Mzalwana, ngelinye ixesha ithetha ukushiya ibandla. Yathetha oko kuPawulos. Kwafuneka ashiye ibandla lakhe. Yathetha oko kwabaninzi. Ngamanye amaxesha ithetha ukushiya ikhaya. Ngamanye amaxesha ithetha ukushiya uyihlo nonyoko, kwaye ushiye konke. Andithethi ukuthi iyayenza lonke ixesha, kodwa ngamanye amaxesha iyayenza. Ithetha ukuba kufanele uthabathe yonke into phakathi kwakho noThixo, uze uhambe naYe yedwa. Owu, oluya lusikelekileyo, lumnandi unxibelelwano, oba budlelwano onabo xana nizahlula ukusuka



kwizinto zehlabathi kunye namakholwa enyama awenza intlekisa ngawe, uze uhambe wedwa kunye noKristu!

<sup>39</sup> Mangaphi amatyeli endikhe ndambulela uThixo! Wathi, “Ndiyakuninika ooyihlo noonyoko kwelihlabathi langoku. Ndiyakukunika izihlobo nezizalwana. Kwaye Andisayi kukushiya, Ndingasayi kukuyekela. Nokuba ihlabathi lonke likunikela umhlana, Ndiyakuhamba nawe, ukuya kutsho ekupheleni kwendlela.”

<sup>40</sup> Enjani ukusikeleleka inyhweba, yokokuba indoda ibe nalamceli mngeni wokulandela iNkosi uYesu, ukuzahlula kuzo zonke izizalwana zenyama, ukuze ilandele iNkosi! Kwaye ukuba nabani ukhangeleka engaziphathi kakuhle, nokuzibonakalisa njengamaKristu, kodwa uthanda izinto zenyama, kungcono kuwe ukuba uzingele elinye iqabana kanye ngoku. Injalo lonto. Kwaye ukuba akukho mntu uyakuhamba nawe, ukhona Lowo owathembisayo ukuhamba nawe. Leyo yiyo, esikelelekileyo iNkosi uYesu, Iyakuhamba nawe.

<sup>41</sup> UThixo wamxelela u-Abraham ukuba, “Zahlule.” Kwaye nje ngomntu njengoko Abraham wayenjalo, wathabatha utata wakhe, wathabatha unyana womntakwabo, umtshana wakhe; bonke bejinga kuye. Kwaye uThixo akazange amsikelele ade enze oko uThixo wamxelela ukuba akwenze.

<sup>42</sup> Anditsho ukuba akungomKristu. Okokuba, andenzi nabani angabingomkristu. Kodwa ndiyakukutsho oku, okokuba ukuba uThixo ukuxelele into ethile ukuba yenze, Akasokuze akusikelele ude uyenze. Ndisepulpitini ngobu busuku kunye nenye yezozinto zibambebele phezu kwam. Imihlangano yam ibe ingekuko oko ifanele ibe kuko, kwiminyaka emibini egqithileyo. Kungokuba ndisilele kwiNkosi. Wandixelela, “Yiya e-Afrika, kuze emva koko uye e-Indiya.” Nantsi, ibhalwe apha, kumva waleNcwadi, kanye ngoku.

<sup>43</sup> Umphathi wandibiza, wathi, “Yeka ama-Afrikaans ahambe. I-Indiya ilungele.”

<sup>44</sup> UMoya oyiNgcwele wahlangana nam, wathi, “Uyakuya e-Afrika njengoko Ndakuxelelayo uye.”

<sup>45</sup> Kwaye omnye unyaka wagqitha. Kwaye abaphathi... Ndalibala malunga naWo. Wathi, “Siya e-Indiya. Amatikiti sele elapha.”

<sup>46</sup> Ndaqalisa, ndaWulibala de ndafika eLisbon. Ngobunye ubusuku, okokuba, ndacinga ndandisifa. Ngentsasa elandelayo ndaqalisa, ndaya ngaphaya kwindlu yokuhlamba, ukuya kuhlamba. Owu, ndandigula kakhulu, kunzima nokuba ndiphakame. Phaya, okwakuKhanya kundanda phaya kwigumbi lokuhlamba, kwathi, “Ndicinga bendikuxelele, ‘Yiya e-Afrika, kuqala.’”

<sup>47</sup> Imihlangano yam ibe isilela ngokuthe chu sukela ngela xesha. Nakubeni ndaya e-Indiya, ngokuphantse isiqigatha sesigidi simile phaya, kodwa oko kwakungenzi oko uThixo athe kwenze. Ndiva ukuba imihlangano yam ayisokuze iphumelele ndide ndibuye ngqo emva ndize ndilungise lanto. Akukhathaliseki endikwenzayo, yi Afrika, kuqala, kuba ufanele uyenze. Nakuya kulele iLizwi likaThixo elinguNaphakade, lilele phaya. Ndandisazi ngcono kunokuya. Kodwa ndifanele ndibuyele emva. Kwaye ndivakalelwa ukuba lo nyaka uzayo lixesha endiyakukhasa ndiphume eqokobheni, ngoncedo lweNkosi.

<sup>48</sup> Eli lizukileyo, lidala iVangeli ebelikhula lula, njengomthi wom oki, ndiyakholwa ulungele ukunabisa amasebe awo ngoku. Ndiyawukholwa, loMyalezo mkhulu nento enkulu, ndiyakholwa ukuba iNkosi iyakusivumela sishukumise ihlabathi kwakhona ukwenzela uzuko lukaThixo.

<sup>49</sup> Ufanele wenze oko uThixo akuxelele ukuba kwenze. Kwaye u-Abraham waqhubeka, wathabatha abakubo wahamba nabo. Wayebathanda. Leyo yindawo yobuntu. Kodwa emva kwethuba, ethubeni, uyise wafa waza wamngcwaba. Emva koko waba nomtshana wakhe, emva koko imbambano neengxambuliswana yavela. Kwaza, ekugqibeleni, uLote wathabatha ukhetho lwakhe waza wemka wehlela eSodom. Kwaye uyaqaphela u-Abraham, akazange axambule noLote. Wathi, "Singabazalwane. Akufanele sixambule. Kodwa phakamisa intloko yakho uze uye nangayiphi indlela ofuna ukuhamba ngayo. Ukuba uya empuma, ndiyakuya entshona. Uya entla, ndiyakuya ezantsi." Eso sisimo sengqondo sobuKristu, funa ukunika omnye umntu isabelo esingcono. Soloko usinikeza kuye, myeke athabathe ukhetho lwakhe.

<sup>50</sup> Ngoba? Yintoni eyenza u-Abraham enze oko? Wayazi ukuba wayethenjisiwe nguThixo ukuba uyakuyidla ilifa into yonke, kakade. Amen. Ke, ngoko, intente okanye indlwana, kutheni kufuneka sikhathale? Into yonke yeyethu. "Banoyolo abanobulali kuba bayakuwudla ilifa umhlaba." Yonke yeyethu. UThixo watsho njalo. Ke nika umntu okungcono kokhetho, ukuba ufuna njalo. Mhlawumbi kuphela kwako ayakuze akufumane. Kodwa yonke yeyakho, iindlalifa zosindiso ngedinga. Yonke yeyakho.

<sup>51</sup> Ke, uSarah, oyena mhle umfazi elizweni, wahlala phezulu phaya kwicala lenduli kunye nendoda yakhe njengoko ebeyakwenza. Wayelula, kuhle, mhlawumbi enxiba ilokhwe yekaleko elula, okanye nantoni ofuna ukuyibiza ngayo. Ngelixa, uNkskz. Lote enxiba njengosozigidi. Kwaye umyeni wakhe wayengusodolophu wesixeko. Wayengumgwebi ohleli esangweni. Wayenento yonke; ehamba zonke iintlangano zomthungo kunye neepati zamakhasi ezazikho ziqhubeka eSodom naseGomora. Kodwa uSarah wayeneliseke ngaphezulu

ukuhlala kunye nomyeni wakhe kokunganelanga, kwaye esazi ukuba wayesentandweni kaThixo, kunokonwabela ubutyebi, okanye, ulonwabo lobutyebi okwethutyana. Injalo lonto. Apho kuxa uThixo ehambela.

<sup>52</sup> Kwaye ngenye imini, wena, nje ngokuqinisekileyo njengoko uthabatha indlela engalunganga, izakukufumana ngenye imini. Ungacinga uzakulungelwa. Ungacinga uyasinda, kodwa akunjalo. Kungakhangeleka ngathi konke kukhuselekile, kodwa ayikhuselekanga. UThixo wazi into zonke. Uyayazi nokuba ngenene uthetha isivumo sakho okanye hayi. Uyayazi nokuba uthetha ngenene ukuba uyamkholwa Yena kwaye usindisiwe, kwaye umamkele Yena, kwaye ufile kwizinto zehlabathi, kwaye uphila kuKristu. Uyakwazi oko.

<sup>53</sup> Ngoku, siyaqaphela u-Abraham, ndifuna niqaphele lomoya wenene. Owu, into yonke esikelelekileyo apha lubabalo. Ndifuna nifunde kunye nam ngoku kwisahluko se-14 se Eksodus, nje umzuzu.

<sup>54</sup> Ngoku, into yokuqala eyenzekileyo kuxa behlela phaya, uLote wangena engxakini. Kutheni? Wayengaphandle kwentando kaThixo. Kwaye ukuba ungena engxakini xana usentandweni kaThixo, uThixo uyakukunceda. Kodwa ukuba usengxakini, ngaphandle kwentando kaThixo, inye kuphela into yokwenza, buyela entandweni kaThixo kwakhona.

<sup>55</sup> Ngoku, ookumkani bonke baziqokelela, kwaye baqikelela ukuba iintili ezantsi phaya zazinamanzi kakuhle, kwaye bazakwehlela nje ezantsi baze bathabathe le indala incinci iSodom, iGomora, bayithabathe. Kwaye bayenza. Kwaye xana behlayo baze bayithabatha, bathabatha uLote bemka naye.

<sup>56</sup> Ndifuna wena uqaphele uMoya kaKristu apha ku Abraham. Ngoku qaphela umqolo we-14.

*Xana u-Abraham wavayo ukuba umntakwabo...  
(Niyayifumana?) ...umntakwabo wayebanjiwe,  
waxhobisa izicaka zakhe eziqeqeshiweyo, ezizalelwe  
endlwini yakhe, amakhulu amathathu aneshumi  
elinesibhozo, waza wabaleqa ukuya kutsho kwaDan.*

<sup>57</sup> Owu, enjani ukusikeleleka ingcinga yobabalo! U-Abraham, xana umntakwabo, nakubeni ewile elubabalweni, nakubeni ekule meko yokukreqa, xana wevayo ukuba ihlabathi limfumene, kwaye limbambile laza lemka naye, ukuya kumbulala, U-Abraham wenza ngoMoya kaKristu. Weza waza waxhobisa onke amadoda akhe awayezalelwe endlwini yakhe, waza waleqisa emva kwabo, wabaleqa yonke indlela ukuya kwaDan. Kwaye kwaDan ziziphelo zemida yasePalestina, "UDan ukuya eBhesheba," ukusuka kwesinye isiphelo ukuya kwesinye. Kwaye ngumzekelo kaKristu, xana Wabonayo ukuba ihlabathi lithathe...laliwile, okokuba Waleqa utshaba kwada

kwase kupheleni, ukwamkela abuyisele uhlanga oluwileyo luka Adam.

<sup>58</sup> Ndifuna niqaphele umqolo olandelayo, imnandi kangakanani apha indlela uMoya othetha ngaye. Kulungile, umqolo we-15 ngoku.

*Waza wabuyisa yonke (yonke) impahla, kunye kananjalo wabuyisa kwakhona umntakwabo uLote, kunye neempahla zakhe, kunye nabafazi kananjalo, kunye nabantu.*

<sup>59</sup> Xana u-Abraham walandela utshaba olwaluthabathe umntakwabo, wamleqa yonke indlela ukunqumla isizwe, ukuya kwaDan, waze wabuyisa yonke into athe walahlekana nayo ekuweni.

<sup>60</sup> Onjani ukubamhle umfanekiso kaKristu, Owevayo eseZulwini ukuba sasilahlekile kwaye weza waleqa utshaba, yonke indlela ukuya kutsho esihogweni, waza wafumana imiphefumlo elahlekileyo waza wasibuyisa wasimisela kwinto yonke ebesinayo ngaphambi kokuwa! Thina, bakreqi, thina esazalwa ukuba sibengoonyana bakaThixo, abagqwethwelwe ukuba ngoonyana bomtyholi, kwaye benziwa . . . balandela emva kwezinto zehlabathi, benza okungalunganga, baze babaleka ngokunyoluka njengoLote wenzayo, Sathengisa ngobuzibulo bethu saza salandela emva kwezinto zehlabathi. UKristu wehla. Nakubeni sawayo; uThixo, esazi ekuqaleni ngubani oyakusindiswa kwaye ngubani ongayi kusindiswa, ngoko ke wehla waza waleqa utshaba ukunqumla ebomini, ukunqumla ekufeni, ukunqumla eparadesi, ukuya kutsho esihogweni. Kwaye yonke indlela ukusuka eLuzukweni ukuya esihogweni, waze wathabatha a—amandla esihogo, kunye nezitixo kumtyholi, waza wavuka kwakhona, waza wabuyisela uluntu, ukuze lube ngoonyana neentombi zikaThixo kwakhona.

<sup>61</sup> Yabona uMoya oku-Abraham phaya, uMoya kaKristu usiza naye?

<sup>62</sup> Ngoku ndifuna uqaphela kancinci mganyana, njengoko sifunda.

*Kwaye ukumkani waseSodom waphuma ukuya kumkhawulela emveni kokubuya kwakhe ekubulaleni lo kumkani uKedorlahomere, kunye . . . ookumkani . . . babekunye naye, entlanjeni yeSheva, eyintili yokumkani.*

<sup>63</sup> Baphuma. Ukumkani waseSodom wabuyiswa. Umntakwabo wabuyiswa. Abantwana babuyiswa. Kwaye apha baphuma ookumkani ukuya kumhlangabeza. Kwaye, kananjalo, apho kulapho ndifuna ukufika khona, umyalezo ngoku. Qaphelani apha.

*Kwaye—kwaye uMelkitsedeke, uKumkani waseSalem (UKumkani weYerusalem, uKumkani woxolo) waphuma nesonka newayini: kwaye wayengumbingeleli kaThixo osenyangweni.*

*Wamsikelela, wathi, Makasikelelwe u-Abraham nguThixo osenyangweni, umnini-mazulu nehlabathi:*

64 UMelkitsedeke, uKumkani waseSalem, kananjalo wamela Yena phakathi kwabanye ookumkani. Kwaye qaphela, idabi laliphelile, uMoya kaThixo ku Abraham, kaKristu, owabuyisa umntakwabo owileyo, ngoko wambuyisela emva kwindawo eyiyeyakhe, kuko konke athe walahlekana nako. Wayekubuyisele. Kwaye xana wakwenzayo, Waphuma nesonka newayini, umthendeleko. Ingaba aniboni yayiNgubani na laMelkitsedeke? YayinguThixo. Waphuma nomthendeleko, emva kwedabi.

65 Ngoku masityhile kwakhona, kuMateyu 26:26, kanye ngokukhawuleza, size sibone oko uYesu wakutshoyo apha malunga nokuya. ENcwadini kaMateyu, isahluko sama-26 kananjalo umqolo wama-26, sifuna ukufunda nje intwanana apha. Kulungile, uMateyu 26:26.

*Ngelo xesha ufika uYesu kunye nabo kwindawo ekuthiwa yiGolgotha, Golgotha, okanye, Getsemane, (nditsho,) waze wathi kubafundi bakhe, Hlalani apha, ndiyakuthandaza phaya.*

66 Ndiyakholwa ndifumene iSibhalo esingesiso. UMateyu, amashumi amabini- . . . umqolo wama-26 wesahluko sama-26. Ukuba umtu othile unaso, ndifundele sona, ukuba u—ukuba ungasifumana. Nje umzuzu. Lona ngumfuziselo omhle apha. Andifuni nina niyiphose. Nako ke. Uyifumene, udade.

*Bakubon'ukuba bayadla ke, uYesu wasithabatha isonka, wathi akusikelela, . . .*

Yayiyintoni? Idabi laliphelile.

*. . . wasiqhekeza, waza wanika abafundi bakhe, wathi, Thabathani, kwaye nidle; lona ngumzimba wam.*

67 Yabona la Melkitsedeke? Amakhulu eminyaka ngaphambili, xana Wahlangana no Abraham, emveni kokuba idabi ligqithile, Wamnika isonka newayini. Kwaye apha uYesu unika abafundi, emveni kwedabi Lakhe elinzima liphelile, Wabanika isonka newayini. Qaphela. Qaphela uKuza okuzayo.

*Waza wathabatha indebe, waze—waze wabulela, waze wayinikeza kubo, esithi, Selani nonke kuyo;*

*Kuba eli ligazi lam lomngophiso omtsha, ophalazwa ngenxa . . . yezono noxolelo lwezono.*

*Kodwa ndithi kuni, andisayi kusela kususela ngoku kwisiqhamo somdiliya, kude kube yiloo mini sukuba Ndisisela nani sisitsha ebukumkanini bukaBawo.*

<sup>68</sup> Sisedabini ngoku. Sisemva komntakwethu owileyo, athe uThixo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, wambona wammisela ngenxa engaphambili kuBomi obunguNaphakade. Kwaye izinto zehlabathi zimfake kwisagqwithi. Uphandle emibuthweni nakumagumbi okufundela, yena nomfazi wakhe, enyuka esihla izitrato, etshaya kwaye esela kwaye eziyolisa, ezama ukufumana uxolo. Kwaye uMoya kaKristu ngaphakathi kuthi, njengoko Ubuyakuba njalo ku Abraham, silandeke emva kwakhe. Kunye nazo zonke izikrweqe zikaThixo, iiNgelosi zikaThixo zingqongile, simkile siye kuhlangula umntakwethu owileyo.

<sup>69</sup> Kwaye xana idabi liphelile, siyakuhlanguka noMelkitsedeke kwakhona, makasikelele uThixo, Owasikelela u-Abraham phaya, waza wamnika intsikelelo, kwaye wamnika isonka newayini, umthendeleko. Kwaye xana idaba ligqithile, siyakuhlanguka naYe. Thina sizindlalifa zedinga lika Abraham, amabelana ngelifa kunye noKristu ebuKumkanini, siyakuhlanguka naYe ekupheleni kwendlela, size sithabathe isonka newayini, kwakhona, xana idabi liphelile.

<sup>70</sup> Ngubani lo Melkitsedeke? “Lowo ungenayise, ungenanina, akanasiqalo samihla okanye isiphelo sabomi.” Uyakuba Phaya ukunikeza umthendeleko kwakhona. Niyayifumana?

<sup>71</sup> Xana simisa, kobuthile ubusuku, xana sihlanguka size sithabathe umthendeleko osuka kwizandla zabalungiseleli, omele ukuba siyakholelwa kukufa, ukungewatywa, nokuvuka kweNkosi uYesu, okokuba esiya sigqubuthelo, umzimba Wakhe awayegqutyuthelwe kuwo, uThixo, siyawuthatha, njengento emeleyo, “Sifile kwizinto zehlabathi, kwaye sazalwa ngokutsha ngoMoya.” Kwaye sihamba noMzimba kaKristu, onke amakhohla ngokudibeneyo.

<sup>72</sup> Xana idabi elikhulu ligqityiwe, kwaye sivela kwakhona noKristu, siyakuthabatha umthendeleko kunye naYe ebuKumkanini bukaThixo, ngokutsha, kwaye sitey inyama, size sisele igazi lomdiliya kwakhona, ebuKumkanini bukaThixo. Owu! Nanko uMelkitsedeke. Ngulowo wayenguYe.

<sup>73</sup> Ngoku masifunde nje umganyana malunga naYe apha, kunye nomqolo we-18.

*Kwaye Melkitsedeke kumkani weSalem owaphuma nesonka newayini: . . . (Niyayifumana?) . . . kwaye wayengumbingeleli woThixo Osenyanweni.*

*Wamsikelela, wathi, Makasikelele u-Abraham nguThixo Osenyangweni, umnini-mazulu nehlabathi:*

*Wamsikelela, . . . Wamsikelela . . .*

*Makabongwe uThixo Osenyangweni obanikeleyo ababandezeli bakho esandleni sakho. U-Abraham wamnika isishumi sento zonke.*

Wahlawula izishumi kuMelkitsedeke. U-Abraham wanika Yena isishumi samaxhoba.

<sup>74</sup> Ngoku ndifuna niqaphela apha njengoko uPawulos eqhubeka, enika imvelaphi ukwenzela isifundo esizayo ngoku.

*Waze wathi ukumkani waseSodom ku Abraham, Ndinike abantu, uze uthabathe iimpahla ibe zezakho.*

Ngoku, ukumkani waseSodom wathi, “Ngoku, ndinike nje abantu bam, uze uthabathe iimpahla ibe zezakho.”

*Wathi u-Abraham kukumkani waseSodom, Ndisiphakamisele ku YEHOVA isandla sam, uThixo Osenyangweni, . . .*

*El Elyon, “umnini mazulu nomhlaba,” phaya.*

*. . . uThixo Osenyangweni, umnini mazulu nomhlaba,*

*Okokuba andisayi kuthabatha nosinga nokuba ngumtya wesihlangu, . . .*

Wayengenamkhankaso mkhulu wokuthabatha imali. Wayefuna nje umntakwabo owileyo.

*. . . kwaye andisayi kuthabatha nanye into yakho, hleze uthi, ndimtyebisile u-Abraham:*

*Kuphela koko abafana bakudlileyo, nengxeny yamadoda abehambe nam, . . .*

<sup>75</sup> Ngoku, ndifuna niqaphele, u-Abraham wathi, “Andisayi kuthabatha nosinga nokuba ngumtya wesihlangu.” Akazange alwe mfazwe, ukuze enze imali eninzi. Kwaye amadabi enyaniso enene awenziwa ngeenjongo zenzuzo yomntu. Iimfazwe azilelwa mali. Iimfazwe zilwelwa ii-iinjongo, imithetho-ziseko. Amadoda alwa imfazwe ukwenzela imithetho-ziseko. Kwaye xana u-Abraham waphumayo ukuya kufumana uLote, akazange aphume ngenxa yokuba wayasazi uzakubetha ookumkani aze athabathe zonke izinto zabo, waphumela umthetho-siseko woku “sindisa umntakwabo.”

<sup>76</sup> Kwaye nawuphi umlungiseleli ophumayo phantsi kwentumakalelo yoKumkani weZulu, akayi kuyela imali; engasayi kuyela uyokwenza icawa ezinkulu, engasayi kuyela kuphembelela amahlelo. Uyakuyela umthetho-siseko omnye, kwaye lowo ku “Kubuyisa umntwakwabo owileyo.” Nokuba ufumana ishumi leesenti kumnikelo okanye nokuba akayifumani, ayisayi kwenza nantwana yamahluko kuye.

<sup>77</sup> Njengoko ndisithi, “Imfazwe zenene ziliwa kwaye zenziwa ngenxa yemithetho-ziseko kwaye hayi ukwenzela imali.” Kwaye amadoda nabafazi abajoyina icawa baze baze ecaweni, ukuze badume, ngokuba ooDyonase ngabaphaya, okanye baguqula icawa yabo ukusuka kwicawa encinci ukuya kwicawa enkulu, uyenzela izizathu zenzuzo yobuntu kwaye umthetho-siseko

olungileyo awukho semva kwalonto. Kufanele ukulungele ukuma ngaphambili edabini.

<sup>78</sup> Kulo mnquba apha, xana izinto zingalungi, kwaye nina madoda nani bafazi niyakubaleka nize niye ngaphaya ndaweni ithile ingenye, okanye nihlale de ingxambuliswano encinci okanye inkxalabo iphele, kukho into ethile engalunganga namava akho. Injalo.

<sup>79</sup> Sinesithethe apha. Sino—sinolungelelwano apha. Eli bandla lisekelezelwe phezu kwemithetho-ziseko yeBhayibhile. Ukuba kukho nabani apha ongenzi ngokulungileyo, kwaye nicinga abanjalo, yiya kuye uze uthethe naye. Ukuba akuna kuxolelanisa kunye naye, ngoko thabatha omnye umzalwana kunye nawe, omnye okanye amabini ngaphezulu. Ukuba akayi kuxolelaniseka ngoko, ngoko yixele ebandleni. Kwaye ibandla liyakumkhuphela ngaphandle, lingabi nabudlelwana naye. Kwaye uYesu wathi, “Nantoni eniyikhululeyo emhlabeni, Ndiyakuyikhulula eZulwini.”

<sup>80</sup> Eso sisizathu nineengxaki ezininzi, ngokuba anilandeli mithetho-ziseko yeBhayibhile. Ukuba umntu othile ebandleni uyaphazamisa, okanye into ethile yenzeka ngokungalunganga, analoxanduva lakho ukuya kuthetha malunga nala ndoda okanye nala mfazi. Luxanduva lwakho ukuya kula ndoda okanye mfazi, uze uyixelele impazamo yayo. Kwaye ukuba ayisayi kukuva, thabatha omnye kunye nawe. Akasayi kukuva okuya, ngoko ibandla liyamkhulula. UYesu wathi, “Okokukhululayo emhlabeni, Ndiyakukhulula eZulwini. Oko nikubophayo emhlabeni, Ndiyakubopha eZulwini.” Lawo ngamandla ebandla.

<sup>81</sup> Apha kungekudala, umshumayeli olungileyo osisihlobo sam, wayenenkwenkwe, kwaye la nkwenkwe ibe isiya ecaweni, icawa yakhe. Yafika kwindawo apho yaqalisa ukubaleka kunye nencinci endala intombi eyayitshaya kwaye isela kwaye iqhubeka. Umshumayeli wathi, “Kakade, leyo yindaba yakhe.” Oyena usenyongweni umhlobo wam, kwaye elungileyo inkwenkwe. Kodwa ithabatheke kakhulu ngothile umfazi osemntsha; kwaye wayetshatile, enabantwana abathile, umyeni wakhe wayephila. Wayesoyika babezakuba... la nkwenkwe ibiyakumtshata. Ke, umzalwana wayekrazukile wonke. Kwaye wathi kum, “Mzalwana uBranham, ndifuna wena uye kule nkwenkwe *ithile-thile* yam. Ndifuna uthethe nayo.”

<sup>82</sup> Ndathi, “Mzalwana...” Ndiphantse ndalibiza igama layo. “Ninendlela engcono. Sanukundithumela. Ukuba inkwenkwe ayiphili ngokumileyo, kwaye ibandla liyibonile isenza into engalunganga, ngoko iyinto yebandla lokuba lenze lomsebenzi. Oko kushiye nebandla. Kwaye ibandla liya ngaphaya lize liyixelele.”



<sup>83</sup> Ke wathatha umzalwana, baza baya ngaphaya baza bayixelela. Waza wabuyela kumzalwana, wamazisa yayibubomi bakhe, ukuba yena ahoye ezakhe. Wathatha omnye umzalwana, ababini ngaphezulu, amabini amadikoni aya ngaphaya aza axelela inkwenkwe. Ibingayi kuphulaphula lonto. Bayixela lonto ebandleni. Kwaye ayizange ize ubusuku obuliqela, ukuza kuxolelaniswa ebandleni emveni kokuba isono sayo sasichaziwe phambi kwebandla. Emva koko ibandla layikhulula.

<sup>84</sup> Kwaye malunga nenyanga ukusuka ngoko yakhahlelwa phantsi kukukrala kwemiphunga, waza ugqirha wathi, “Akukho thuba ehlabathini lokuba yona iphile.” Emva koko yakhasela ngasemva. UThixo uyayazi makayenze njani.

<sup>85</sup> Sizama ukuyenza ngokunokwethu, “Owu, ufanele ugxothe *uNje-na-nje* ebandleni. Ufanele wenza *oku, okuya*, okanye *okunye*.” Ingaba niyenzile indawo yenu njengabandla kuyo? Nantso ke. Leyo yindlela yokubenza barhubuluzele emva, banikele ngaphaya kumtyholi kube kanye.

<sup>86</sup> Yintoni awayitshoyo uPawulos malunga nale ndoda ezantsi phaya eyayihlala nomfazi katata wayo? Abazange bakwazi ukuyixolelanisa. Wathi, “Yinikeleni kumtyholi.” Jonga kwenzeka ntoni. Kwaye kwileta elandelayo uPawulos awayibhalayo, le ndoda ifumene ululeko. Ngokuqinisekileyo. UThixo unendlela yokwenza ezi zinto, ukuba nje siyakulandela imithetho Yakhe.

<sup>87</sup> Ukuba into ethile yenzeka ngokungalunganga ebandleni, ukuba iphakathi kwebandla, ngamnye kuni bazalwana. Ukuba ikwibhodi yamadikoni, omnye wenu madikoni akaziphathi kakuhle, amanye amadikoni ayeza aze abe nomhlangano, azame ukuxolelanisa umzalwana, amxelele into ayenzayo; okanye omnye wenu malungu, nantoni eniyiyo. Emva koko iyeziswa phambi kwakhe. Ukuba akayi kuyenza, ngoko yiza uxelele umalusi. Emva koko, uyakhululwa ebandleni, emva koko makabe njengomhedeni okanye umbuthu werhafu. Emva koko qaphela iNkosi isiya kusebenza ngaye. Jonga, kuxa ebuyela emva kuye. Kuxa esiyakukhasa. Kodwa sizama ukuyenza ngokwethu, niyayazi, sizama ukwenza i. . .yonke indlela ekufanele siyenze ngayo, ngoku, asizange saphumelela.

<sup>88</sup> Ngoku, lo Melkitsedeke, uKumkani weSalem, iNkosana, uMbingeleli oMkhulu Osenyangweni, wahlangana no Abraham waza wamsikelela. Kwaye wamnika Yena izishumi zakhe, u-Abraham wayenza. Kwaye Yena wayenguKumkani weSalem. Kwaye Yena waphuma nesonka newayini, umthendeleko, waza wawunika u-Abraham emveni kwedabi, emveni kokuba amadoda ayefunyenwe.

<sup>89</sup> Ngoku, “Zonke iimfazwe,” njengoko ndisitsho, “zilwelwa imithetho-ziseko.” Ngoku, ukuba unemfazwe encinci ebandleni, ifanele ibe ngumthetho-siseko olungileyo. Ufanele ulwelwe into

elungileyo. Kwaye ilungu ngalinye lebandla lifanele lenze oko. Ngoku, le mfundiso yeyebandla. Yilonto esilapha ngayo. Yilonto endimele yona apha. Yilonto iLizwi likaThixo limele kona, lilelebandla.

<sup>90</sup> Ningaze nivumele nanye into ithintele eli bandla. Ukuba iyakwenza, ninetyala, ngamnye wenu. Kwaye nina, kumabandla enu ahlukileyo, ukuba into ethile yenzeka ngokungalunganga ebandleni lenu, ninetyala, ngokuba ningabaveleli belabandla. Ayixhomekekanga kumalusi. Ayixhomekekanga kwibhodi yamadikoni. Ixhomekeke kuni, nina ziqu, ukuya kula mzalwana kwaye nibone ukuba ningamenza axolelaniseke. Ukuba akunjalo, emva koko thabatha ababini okanye abathathu kunye nawe, emva koko ubuye. Akayi kuva oko, yixele ebandleni. Emva koko ugxothiwe ebukumkanini bukaThixo. UThixo wathi, “Ukuba nimkhuphile phaya, Ndiyakumkhupha Apha, ukuba nihambe ngalomgaqo.” Ngoko Uyakovumela umtyholi kuye ukwakha... ukutshabalalisa inyama yakhe. Kuze emva koko abuye emva. Injalo lonto. Leyo yindlela yokumenza abuye emva. Ukuba ungumntwana kaThixo, Uyakubuya. Ukuba akanguye, kutheni—kutheni, uyakuqhubeka, kuze emva koko umtyholi uyakumthumela kwindawo yakhe yaNaphakade.

<sup>91</sup> Ngoku, iinjongo zayo. Ukuba uyayifumana nje ukwenzela omnye umntu, ngoko oko kwahlukile. Kodwa, ukuba indoda inetyala! Kwaye uLote wehla waza wakreqa, nakubeni wayengumHebhere. Wayehlile waza wakreqa. Wayekubabalo, kodwa wayewile kulo. Kwaye xana waphumayo... Kwaye uLote—uLote wasindiswa. Ungaze ucinge ukuba uLote wayengasindiswa. Wayesindisiwe. Ngokuba, lonke ixesha xana wayekwindawo engalunganga, iBhayibhile yatsho, ukuba, “Izono zeSodom zawuthuthumbisa umphefumlo wakhe olilungisa imihla ngemihla.” Ngoku, inyama yakhe yayisenza into enye. Kwaye yayiyintoni isiphelo sakhe? Wezisa ihlazo elingaphezulu. Umfazi wakhe wajika waba yintsika yetyuwa. Wabanabantwana ngeentombi zakhe. Ke, ungabona ihlazo eyaluzisayo, ngokuba wayewile ukusuka kubabalo kwaye zange azibuyisele emva kwakhona. Kwaye uThixo kwafuneka amsuse emhlabeni.

<sup>92</sup> Kodwa, futhi, wayengumzalwana owileyo, kwaye u-Abraham wenza konke awayenokwenza ukumbuyisele emva kwakhona. Kwaye uMoya wawuku Abraham, nguMoya kaKristu osebandleni namhlanje. Akukhathaliseki nokuba umzalwana wenze ntoni, uyakwenza konke onako ukumbuyisela emva kubudlelwana bukaKristu kwakhona. Akukhathaliseki wenze ntoni, uyakuzama ngamandla.

<sup>93</sup> Ngoku, sifuna ukuqaphela apha ngoku kwakhona, njengoko siqhubeka kunye nesi sifundo salo Melkitsedeke, loMbingeleli mkhulu weSalem, nomnini maZulu nomhlaba. Ngoku, ekubeni kuqala:

*Engenayise, engenanina, engenamlibo wakuzalwa, engenasiqalo samihla, nasiphelo sabomi; enziwe wafana naye uNyana kaThixo; lo uhleli engumbingeleli ngokungapheliyo.*

Ngoku qaphela. WayengengoNyana kaThixo, WayenguThixo kaNyana. WayengengoNyana kaThixo, uMelkitsedeke wayengenguye, kodwa WayenguYise kaNyana kaThixo.

<sup>94</sup> Ngoku, lo mzimba Awayenawo, Wayewudalile. Wawungaziswanga ngomfazi. Ke ngalamzimba udaliweyo, Wayengenakho... Umzimba othile Wayewenzile, Ngokwakhe, ukuzityhila Yena.

“Akukho mntu unokumbona uThixo nangaliphi ixesha. UThixo ungumoya.” Amehlo awabafayo awaziboni ezo zinto, ngaphandle ikwimo efana neNtsika yoMlilo, okanye nantoni eyayiyiyo, okanye ikwimo yesiqu esithile sento ethile abathe bayibona ngombono. Kodwa i... UThixo kufanela azityhile Yena ngendlela ethile. Kwaye uThixo wazityhila Yena ku Abraham, kwimo yomntu. Wazityhila Yena kuMoses, kwimo yomntu. Wazityhila Yena kubantwana bakaSirayeli, kwimo yeNtsika yoMlilo. Wazityhila Yena kuYohane umBhaptizi, kwimo yehobe. Niyabona, Wazityhila Yena kwezo zimo.

Xana Yena Wayezityhila kwimo yeNdoda, njengoKumkani weSalem; weYerusalem; hayi iYerusalem yasemhlabeni, kodwa iYerusalem yaseZulwini. Wazityhila Yena kwesa simo. Wayenziwe “ngokufana” noNyana kaThixo.

<sup>95</sup> Ngoku, uNyana kaThixo kwafuneka eze ngomfazi, ukuba adalwe apha; ngesibeleko somfazi, ngokuba ngalanto inye kweza ukufa.

<sup>96</sup> Kwaye Yena ebengenakungena ngendalo njengoko uThixo wenzayo ekuqalekeni. Xana uThixo wenza umntu ekuqalekeni, umfazi wayengenanto yakwenza nalonto. UThixo nje wathi, “Makubekho,” yaza indoda yeza isuka eluthulini. Wambiza, ngaphandle kwakhe namnye umfazi wokuba nayo nanye into yakwenza nayo. Kodwa, umfazi, yena ngoko wayesendodeni.

<sup>97</sup> Kwaye uThixo wathabatha umfazi emkhupha kwicala lika Adam. Ingaba injalo? Waza emva ngoko umfazi wemka waza wazisa umntu ngesondo. Ke indlela ekuphela kwayo uThixo anokuyenza... Wayengenakuza kulamzimba welizwi. Wayengenakuza njengoMelkitsedeke. Kwafuneka eze ngeNdoda, kwaye kwafuneka Aze ngomfazi. “IMbewu yakho iyakuyityumza intloko inyoka, kwaye intloko yayo iyakutyumza isithende Sakho.” Niyayifumana? UThixo kwafuneka eze ngomfazi; kwaye Weza, xana Wahhala emzimbeni woNyana Wakhe, uKristu Yesu. “UThixo wayenguKristu, elixolelanisela kuYe ihlabathi.” Kwaye Wanikeza ngeGazi Lakhe Buqu njengedini. Kwaye wanikeza ngoBomi Bakhe,

ukuze ngejelo lokufa, Abe nakho ukusindisela wena kuBomi obunguNaphakade.

<sup>98</sup> Ke uThixo weza ngoko, kwaye Wenziwa “ngokufana” noNyana kaThixo. Yabona? WeyeyiNdoda eyenziwe *ngokufana* noNyana kaThixo. Ngoku, Wayengenakuba nguNyana kaThixo, ngokuba leNdoda inguNaphakade.

<sup>99</sup> UNyana kaThixo wayenesiqalo, Wayenesiphelo. Wayenalo i—ixesha lokuzalwa Kwakhe, Wayenalo ixesha lokufa Kwakhe. Wayenazo zombini isiqalo nesiphelo. Wayenabo bobabini uyise kwa nonina.

<sup>100</sup> Le Ndoda yayingenayise nanina, siqalo okanye isiphelo sexesha. Kodwa Wayenziwe, le Ndoda, uMelkitsedeke, wayenziwe *ngokufana* noNyana kaThixo.

<sup>101</sup> Ngoku, uNyana kaThixo, xana Wezayo ehlabathini, kwisimo somfazi, okanye ngomfazi, kwisimo sendoda, waze wabulawa, wavuswa kwakhona ngomhla wesithathu, wavukela ugwetyelo lwethu, ngoku Uhleli naphakade. Kwaye okoko lamzimba uhleli, sihleli nathi. Ngokuba Wavuka eluthulini, siyakuvuswa kwimfano Yakhe. Nalo ibali leVangeli. Malibongwe iGama leNkosi. Hayi iiNgelosi, hayi iziqu zamandla angaphezu kwendalo, hayi imfumba yeentsiba zokubhabha, kodwa amadoda nabafazi, amen, emile kwimfano Yakhe. Ewe, mhlekazi.

<sup>102</sup> Njengoko ndisoloko ndixela oku, ndiyayitsho kwakhona apha ngeli xesha. Ikhangeleka fanelekileyo. Ndandikama, malunga ezintlanu okanye ezintandathu iinwelele endisele nazo. Waza umfazi wam wathi, “Billy, uba nempandla.”

<sup>103</sup> Ndathi, “Kodwa andilahlekelwanga nanye yazo.”

<sup>104</sup> Wathi, “Ziphi?”

<sup>105</sup> Ndathi, “Ndixelele zaziphi ngaphambi kokuba ndizifumane, ndiyakukuxelela kuphi apho zindilinde khona.” Injalo lonto.

<sup>106</sup> Ndandiqhele ukuba ngu—ngumlwi, imbethi-manqindi. Ndandomelele kwaye ndimkhulu. Kwaye ndaziva, ukuba ubunokubeka le cawa kumqolo wam, bendiya kuhamba ndehle ngestrato nayo. Ndiyakuxelela, xana ndivuka ngayo yonke intsasa ngoku, ndiyaqonda kukho amashumi amane athile eminyaka agqithileyo. Yabona? Andinguye owayeqhele ukuba nguye. Ndiyasilela, yonke imihla. Njengoko ndijonga ezandleni zam kwaye ndicinge, “Jonga apha. Kuhle, ndiyaguga.” Ndjonga emagxeni am. Ndiyabona ndifumeme ubunzima obuninzi. Ndandiqhele ukunxiba amashumi amabini anesibhozo ebhanti. Ndinxiba amashumi amathathu ngoku. Yabona, ndiyaguga, ndiyatyeba, ndiyaphela.

<sup>107</sup> Yintoni? Nditya into ekwanye endandiqhele ukuyitya. Ndiphila cocekileyo kwaye nangcono kunokuba ndandiqhele ukuphila, into ekwanye. Kodwa uThixo undibekele ixesha,

kwaye kufanele ndilwamkele. Kodwa ingcinga esikelelekileyo yile, yokuba, ngala mhla, Uyakundivusa kwakhona. Kwaye yonke into endandiyiyo xana ndandingamashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala, ndiyakuba yiyo kwakhona naphakade. Amen. Nantso ke. Yintoni obundikhathazela yona ubudala? Ndibetha umtyholi kokuya iminyaka ngeminyaka, ndisazi oku, okokuba ndiyamkholelwa Yena. Esi sithutyana sincinci siyinto nje encinci, into emfutshane, kakade. Ukuba sihlala nje amashumi asixhenxe, amashumi asixhenxe eminyaka ubudala, isithembiso sethu sexesha, yintoni—yintoni yona lonto kuphela inkxwaleko nentsizi? Yintoni? Ungananisa lendlu yezifo ngalonto izukileyo ngaphesheya?

<sup>108</sup> Kutheni, malibongwe iGama leNkosi! Into ethile kwingaphakathi lam ihlangene nala Melkitsedeke ngenye imini, kwaye Wathetha uxolo kum kwaye Wandinika uBomi obunguNaphakade. Kwaye obu bomi abuthethi nanto kuphela umnquba wokushumayela iVangeli ngawo. Ndikutsho oku ngako konke ukunyaniseka, kunye neziBhayibhile zimbini zilele zivulekile phambi kwam. Ukuba uThixo wam wayeqibile ngam ukushumayela iVangeli, kwaye ndingenakuMenzela okungakumbi, abantwana bam bebedadala ngokwaneleyo ukuba bazikhathalele, kwaye Yena ufuna ukundithabatha kanye ngoku, “Amen,” lonto iyigqibile. Ewe, mhlekazi.

<sup>109</sup> Ngowuphi umahluko ethi iwenze ukuba ndingamashumi asibhozo okanye ndingamashumi amabini? Ndilapha kuphela ukwenzela into enye: ukukhonza iNkosi. Yilonto kuphela. Ukuba ndingaba ndisenakho ukushumayela iVangeli njengoko ndisenza ngoku, xana ndimashumi asibhozo, mahluko mni ekwenzayo nokuba ndimashumi mane okanye asibhozo? Kukho amadoda amaninzi angamashumi asibhozo eminyaka ubudala ngobu busuku. Kwaye kukho abantwana abaninzi abayakufa, xana indoda enamashumi asibhozo eminyaka ubudala iyakuphila igqithise abaninzi babo. Yenza mahluko mni? Yinjongo yakho, imithetho-ziseko yakho, kwaye silapha ukukhonza iNkosi uYesu. Yilonto kuphela.

<sup>110</sup> Ekwazini oku, okokuba, “Obu bomi ngumphunga ethi indoda ithethe ngawo; owakhe wakhona, kwaye emva koko awusekho.” Kodwa ukuba sinoBomi obunguNaphakade, uThixo uthembisile Uyakusivusa kwakhona. Kwaye siyakuthabatha umthendeleko kunye naYe xana imihla iphelile, naxana Yena esithi, “Ngena kuvuyo lweNkosi, ebelulungiselelwe wena kusukela ekusekweni kwehlabathi.”

<sup>111</sup> Ngoko yenza mahluko mni apha, nokuba sinayo nayiphi into okanye asinayo? Nokuba sibatsha okanye nokuba sibatshala, yenza mahluko mni? Eyona nto, ingaba ukulungele ukuhlangana naYe? Ingaba niyaMthanda? NingaMkhonza? Ingaba unanisele ngazo waphuma kwizinto zehlabathi? Ingaba uhlangele noMelkitsedeke kusukela laphelayo idabi?

<sup>112</sup> Makabongwe uThixo! Malunga namashumi amabini ananye eminyaka ubudala, ndandinayo, kwaye ngenye imini ndaba nedabi *noku, okuya, kunye nokunye*. Ndandingazi nokuba ndandifuna ukuba ngumlwi, okanye nokuba ndandifuna ukuba ngumthiyeli, okanye umzingeli, into endifuna ukuba yiyo. Kodwa ndahlangana noMelkitsedeke, kwaye Wandinika umthendeleko, kwaye kusukela ngoko yagqitywa naphakade. Haleluya! Ndaya kwicala Lakhe. Ndibe ndivuya endleleni. Kwaye xana ifika esiphelweni sendlela, kwaye ukufa kundijamele ebusweni, indlela endiziva ngayo ngoku, andisayi kukoyika. Ndiyakuhamba, ndifuna ukuhamba ndiye kubuso bako, ndisazi oku, ukuba ndiyamazi Yena Othe wenza isithembiso, injalo lonto, okokuba ndiyamazi Yena emandleni ovuko Lwakhe. Xana Yena ebiza kwabafuleyo, ndiyakuphuma phakathi kwabo. Injalo lonto, ukumazi Yena emandleni ovuko Lwakhe. Yenza mahluko mni, nokuba ndimdala okanye nokuba ndimtsha? Nokuba ndimncinci okanye nokuba ndimkhulu? Nokuba ndihluthi okanye nokuba ndilambile? Nokuba ndinendawo yokulala okanye nokuba andinayo?

<sup>113</sup> “Iintaka zinezindlu, kwaye impungutye inomqolomba, kodwa uNyana womntu akanandawo yokubeka intloko Yakhe,” kodwa Yena wayenguKumakani woZuko.

<sup>114</sup> Singookumkani nababingeleli ngobu busuku. Yenza mahluko mni nokuba sinayo okanye nokuba asinanto? Oko nje sinoThixo, singaphezu kwabeyisi. Singaphezu kwabeyisi. Sihleli eBukhloneni bukaThixo, kubudlelwana boMoya oyiNgcwele, sithabatha umthendeleko wokoMoya ezandleni Zakhe othe wangqina, “NdinguLowo obefile, kwaye ephila kwakhona, kwaye Ndiyaphila naphakade.” Sihleli kunye kwezaseZulwini iindawo kuKristu Yesu. Owu, malibongwe iGama Lakhe eliNgcwele! Yenza mahluko mni?

Intente okanye indlwana, kutheni kufuneka ndikhathale?

Bandakhela ibhotwe ngaPhaya!

Lamatye anqabileyo needayimane, nesilivere negolide,

Oovimba Bakhe bagcwele, Yena unobutyebi obungenakuxelwa.

<sup>115</sup> Ndihlangene naYe ngenye imini xana ndibuye edabini. Ndabeka izithsaba zam phantsi. Andisalwi dabi kusukela ngoko; Uyandilwela wona. Ndiyaphumla nje phezu kwesithembiso Sakhe, ndisazi oku, okokuba ndimazi Yena emandleni ovuko Lakhe. Yilonto kuphela ebalulekileyo. Yintoni engenye ebalulekileyo?

<sup>116</sup> Singenza ntoni? Kutheni ukuthabatha ingcinga kunokongeza ikubhite kwisimo sakho? Yintoni oyikhathalaleleyo nokuba iinwele zakho ziphothene, okanye

nokuba unazo naziphi okanye hayi? Yintoni umahluko ewanzayo? Ukuba umdala, ukuba ungwevu, ukuba unamagxa agobileyo, ukuba akunjalo, ngowuphi umahluko ewenzayo? Amen. Eli lithutyana nje, isithutyana esincinci, kodwa Oko ngunaphakade nonaphakade. Kwaye njengexesha elingapheliyo liqengqeleka, njengoko izigaba ziqengqeleka, akusokuze utshintshe, kwaye uhambe ngezingapheliyo izigaba Zakhe zikaNaphakade. Yenza mahluko mni?

117 Ndivuya kakhulu ndahlangene naYe. Ndivuya kakhulu Yena endinike umthendeleko, ngenye imini, laMelkitsedeke okwamnye owahlangana no Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani. Ngokuqinisekileyo. “UThixo weZulu,” u-*El Elyon*; omkhulu u “NDINGUYE,” hayi Owayekho; NDINGUYE, ixesha langoku. “Kwaye Yena wamsikelela.”

118 Phulaphula apha nje ithutyana, ukuze sibe nokufumana isifundo esincinci sisondelelane kancinci. Ngoku umqolo we-4.

*Ngoku bonani yayinkulu kangakanani le ndoda, . . .*

Ndinga nje oko, nam. “Bonani ke ukuba yayinkulu ngakanani le Ndoda.” Ungaphaya kunoNyana kaThixo. UNyana kaThixowayenoyise nonina; Wayengenabo. UNyana kaThixo wayenesiqalo sexesha nesiphelo sexesha; Wayengenaso. Yayingubani lowa? YayinguYise kaNyana. Lowo Ngulowo Wayekuko.

*. . . bonani ukuba mkhulu kwale ndoda, kuyo . . . kwa no Abraham iqhawe wamnika nesishumi sawo onke amaxhoba.*

119 Ngoku phulaphulisani ngendzondelelo.

*Kwaye abo ke okunenene bakoonyana bakaLevi, babamkelayo ububingeleli, bano . . . nomthetho wokubanga izishumi kubo abantu ngokomthetho, oko kukuthi, kubo abazalwana babo, nakuba bephume esinqeni sika Abraham:*

120 Ngoku qaphelani oku ukuba nifuna ukuba into ethile.

*Kodwa yena ongenamlibo wakuzalwa akaqhubeki . . . kubo wamkela izishumi zika Abraham, waze wamsikelela lowo wayenedinga.*

121 U-Abraham wayenesithembiso, kwaye le Ndoda yamsikelela u-Abraham owayenesithembiso. Yayingubani lo? Oonyana bakaLevi bahlawula izishumi kubazalwana babo okanye . . . Abazalwana babo bahlawula izishumi kubo. Babenomthetho weNkosi wokuba bathabathe izishumi soko abazalwana babo bakwenzileyo, ukuze baphile, ngokuba babengabubingeleli. Ngoku, oko kukhupha ububingeleli bukaMelkitsedeke, njengoko uthetha malunga nabo, kanye phaya. Injalo lonto. Kodwa le Ndoda . . . Kwa naleyo eyayinesithembiso, eyona ndoda inkulu emhlabeni, U-Abraham, wahlangana nale Ndoda waza

wahlawula izishumi kuYo. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Kwafanele ibe nkulu.

122 Phulaphulani.

*Ke ngokungenakuphikwa encinane into isikelelwa yeyona inkulu.*

Ngokuqinisekileyo. Qaphelani Ngubani Yona.

*Kwaye apha ngabantu abanokufa abathabatha izishumi; . . .*

Obo bububingeleli bohlobo lababingeleli nabashumayeli, kunye nanjalo njalo. Amadoda amkela isishumi, ayafa. Yabona?

*. . . kodwa apha lowo wamkela zona, yena lowo ungongqinelweyo ukuba udla ubomi.*

123 Ingaba iyakusithabathela ntoni ishumi indoda, ukuba inayo nayiphi. . . Ukuba ayizange izalwe, kwaye ayisayi kufa, kwaye wayekho kusukela ekuqaleni ukuya esiphelweni, kwaye—kwaye ayizange ibe nayise okanye nina okanye mlibo, kwaye engawakhe onke amaZulu nomhlaba nako konke okukuko, kutheni nje eyakuthabatha isishumi? Kutheni eyakucela u-Abraham ukuba ahlawule izishumi? Niyabona into engqongqo ekukuko ukuhlawula izishumi? Isishumi silungile. Wonke umKristu ubophelelekile ukuba ahlawule isishumi. Injalo lonto. Ayizange yaguquka.

124 Ngoku:

*Kwaye njengoko ndingatsho njalo, uLevi ngokunjalo, lowo wamkelayo isishumi, wahlawula izishumi eku Abraham.*

125 Ngoku, owu, apha yinto ethile.

*Kuba ubesinqeni sikayise, xana uMelkitsedeke wahlangana naye.*

126 Intoni? ULevi? U-Abraham wayenguyisemkhulu kayise kaLevi. Kwaye iBhayibhile yatsho apha, okokuba, “ULevi wahlawula izishumi xana wayesinqeni sika Abraham.” Izizukulwana ezine phambi kokuba wakhe weza emhlabeni, wayehlawula izishumi kuMelkitsedeke. Malibongwe iGama leNkosi!

127 Ngoko, nina bangenakho ukukholelwa kumiselo lwexa elingaphambili, okanye ubekelo lwexa elingaphambili; kwaye apha, izizukulwana ezine phambi kokuba uLevi wakhe waphuma esinqeni sika Abraham, wayehlawula izishumi kuMelkitsedeke. Ndingwenela besinexesha lokungena koku ngeZibhalo.

128 Ukuba uyakuyisa ngaphaya ngokufana kuYeremiya 1:4, UThixo wathi, “Ndakwazi phambi kokuba wakhe wabunjwa esizalweni sikamama wakho. Kwaye Ndakungcwalisa ndakumisela ukuba ube ngumprofeti ezizweni.” Ngoko yintoni



onokuthi wayenza? Yintoni endinokuthi ndayenza? NguThixo ebonakalisa inceba. UThixo wasazi phambi kokusekwa kwehlabathi.

<sup>129</sup> Yena engafuni ukuba namnye atshabalale. Ngokuqinisekileyo hayi. Kodwa ukuba Yena nguThixo, Wayazi ngubani oyakusindiswa kwaye ngubani ongayi kusindiswa, okanye Akazange azi kwanto. Ukuba Akazange azi. . . Ukuba Akazange azi ngubani oyakuphumelela kuXhwiilo, phambi kokuba lakhe labunjwa ihlabathi, ngoko Yena akangoThixo. Ukuba ungongenasiphelo, Uyaku. . . Wayazi yonke intakumba, yonke impukana, yonke intwala, lonke ikhhalane, eliyakuze libe semhlabeni, phambi kokuba wakhe wabunjwa umhlaba. Injalo lonto. Wazazi zonke izinto. Phambi kokusekwa kwehlabathi, Wasazi. IBhayibhile yatsho, ukuthi, “Wasazi kwaye wasimisela ngenxa elingaphambili.”

<sup>130</sup> Masiyiqukumbele lento kube kanye. Masibuyeleni kwabase Efese, isahluko soku-1. Esesi-5 isahl- . . . Isahluko so-1 sama Efese, nje ithutyana. Ndifuna ukufunda apha nje umzuzu, ukuze ke nibenakho ukuqonda ngenene ukuba asiyonto nje endizama ukunixeleva. Yinto uThixo azama ukunixeleva. Yabona? Ngoku phulaphulani oku, ngokusondele kakhulu, isahluko so-1 sama Efese.

*UPawulos, umpostile kaYesu Kristu ngentando kaThixo, . . .*

Indoda ekwanye eyabhala incwadi yamaHebhere, ibhala le lencwadi.

*. . . kwabangcwele . . .*

Oku akubhekiswanga kwabangakholwayo, kodwa kwabangcwele, abangcwal- . . . abenziwe ngcwele.

*. . . abase Efese, nakwabathembekileyo kuKristu Yesu:*

*Makube lubabalo kuni, noxolo, oluvela kuThixo uBawo, nakwiNkosi uYesu Kristu.*

*Makabongwe uThixo noYise weNkosi yethu uYesu Kristu, lowo wasisikelelayo ngeentsikelelo zonke zomoya kwezazamazulwini iindawo . . .*

“Njengokuba Wathi. . .” Ngoku, phulaphulisani ngoku, umqolo we-4.

*Njengokuba wasanyulela kuye ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, . . .*

Ngubani u “thina” phaya? IBandla.

*. . . wasanyulela kuye (uKristu) ngaphambi kokusekwa, umhlaba, ukuze sibe ngcwele singabi nasiphako phambi kwakhe ngothando:*

*Othe wasimisela ngenxa engaphambili ukuba senziwe oonyana kuye ngokwakhe ngoYesu Kristu,*

*NgokweYakhe Yena elungileyo inkolelo yokuthanda kwakhe,*

<sup>131</sup> Ngubani owayenzayo? UThixo wayenza. UThixo wayazi ukusukela ekuqalekeni ngubani oyakusindiswa kwaye ngubani ongayi kusindiswa. Ngokuqinisekileyo, Wayengathandi ukuba nabani atshabalale. Kodwa Akazange athumele uYesu apha ukuze abone ukuba wena u—uyakwenza ngokufana, “Kuhle, uYesu olusizi, ndiyaMsizela. Mhlawumbi kuyakubangcono ndisindiswe ndize ndiyibonakalise.” Hayi, mhlekazi.

<sup>132</sup> UThixo wayazi ekuqaleni ngubani oyakusindiswa nokuba ngubani ongayi kusindiswa. Ke, ngoko, Wayazi ukuba abanye bayakusindiswa, ke Wathumela uYesu ukuzokwenza isicamagushelo sabo Awabaziyo ngaphambili. “Abo Wabaziyo kwangaphambili, Wababiza bona. Kwaye abo Wababizayo, Wabagwebela bona. Kwaye abo Wabagwebelayo, Waba (ixesha eligqithiliyo) zukisa.” Nantso ke.

<sup>133</sup> Ke asinguwe ozigcinileyo, lubabalo lukaThixo olukugcinayo. Akuzisindisanga, okanye akukho nanto oyenzileyo ekwenza ufanele ukusindiswa. Lubabalo lukaThixo olukusindisayo. Ubabalo lukaThixo lakubiza. Ulwazi lwangaphambili lukaThixo lwakwazi. Wakwazi ukuba uyakube ukweli bandla ngobu busuku, ngaphambi kokuba sakhe sabekwa isiseko sehlabathi, ukuba Ungongenasiphelo. Ukuba Akanjalo, AkangoThixo. Ukuba Wazazi zonke izinto, WayenguThixo. Ukuba Akazange azazi zonke izinto, WayengengoThixo. Ukuba UnguThixo uSomandla, Angenza zonke izinto. Ukuba Akanakwenza zonke izinto, AkangoThixo uSomandla. Nantso ke.

<sup>134</sup> Ke ungatsho kanjani ukuba yinto onakho ukuyenza? Asiyonto unakho ukuyenza. Luthando lukaThixo nobabalo kuwe, lokokuba ulapha nokuba lapha. Akukho nto ubunokuyenza, uThixo wakubiza ngobabalo Lakhe; wamamela, weva, wamkela.

<sup>135</sup> “Kuhle,” uthi, “Mzalwana uBranham, okuya kuyenza ibe yekhululeke kakubi kakhulu.” Ngokuqinisekileyo iyakwenza. Ukhululekile. “Ke, la mfo angenza nantoni afuna ukuyenza.” Ngokuqinisekileyo. Ndabe ndisoloko ndisenza oko ndifuna ukukwenza. Kodwa ukuba ungumKristu, akufuni kwenza into engalunganga.

<sup>136</sup> Kukho intombazana endala encinci ihleli emva phaya ngobu busuku, umfazi wam. Ndiyamthanda ngako konke okungaphakathi kwam. Kwaye ukuba bendisazi ukuba bendingabaleka ndijikeleza nomnye umfazi kwaye ndisinde ngalonto, ndize ndiye kumxelela, ndize ndithi, “Meda, ndenze okungalunganga,” ucinga bendiyakuyenza? Ukuba ndiyamthanda kakuhle, andiyi kuyenza. Injalo lonto.

<sup>137</sup> Ngoku, kungathini ukuba bendiyakuthi, “Owu, andinakuyenza. Kuba, ndiyakuxelela kutheni. Uyakundala ngokuqhawula umtshato, kwaye ndifumana...Owu, ndingumshumayeli. Yabona okuya kuyakukwenza? Okuya kuyakundisusa epulpitini, ukuba uyakundala ngokuqhawula umtshato. ‘Indoda eqhawule umtshato, owu!’ Ndinabantwana abathathu; bendingenakho ukucinga ngalonto. Kodwa, nkwenkwe, ndi...”? Kuhle, ukuba leya yindlela ekuyiyo, usengokwasemthethweni. Ayisosizathu ngokomthetho endimthshatele phezu kwaso. Ayisosizathu ngokusemthethweni esindenza ndiphile ngokunyanisekileyo kuye. Kungokuba ndiyamthanda. Akudingeki ndenze nanye nto. Ndiyenza ngokuzithandela ngokuba ngumba wothando. Kwaye ukuba uyamthanda umfazi wakho, uyakwenza into ekwanye.

<sup>138</sup> Kwaye ukuba uyamthanda umfazi wakho ngolwahlobo, nge *phileo* uthando lobuntu, kufanele wenze ntoni kuKristu nge *agapao* uthando lobuthixo, lona luphindwe ngesigidi ukomelela, ukuba umthanda ngenene uThixo? Ukuba bendiyazi ngobu busuku bendinokuphuma ndize ndinxile, ukuba bendiyazi ngobu busuku bendingabaleka ndijikeleza kwaye ndiziphathe kakubi, ukuba bendiyazi, ngobu busuku; ukuba okuya bekukho nokubakho entliziyweni yam ukwenza njalo, kwaye ndemka ndaya kukwenza, ndisazi ukuba Yena uyakundixolela, Bendingayi kuyenza. Ndingcinga kakhulu ngaYe. NdiyaMthanda. Ngokuqinisekileyo. Ngokuqinisekileyo.

<sup>139</sup> Eso sisizathu ndingasayi kuthengisa ngamava am nakwelinye ihlelo, (hayi, mhlekazi), akukho Assemblies of God, akukho Bandla likaThixo, akukho Pilgrim Holiness, Wisile, Bhaptizi, Rhabe, Katolika. Andisayi kuthabatha nanye into enokunikezwa, ukwenzela la mava. Ngokuba, akazange aze ngomntu. Aza ngoThixo. Hayi, mhlekazi. Andisayi kuthengisa ngobuzilo bam ukwenzela irock-and-roll ka Elvis Presley, okanye iqela lakhe lamaKatolika, okanye ezakhe, okanye, iiCadillacs, okanye ezakhe izigidi zeedola, nanjalo njalo, azifumanayo qho ngenyanga. Hayi, mhlekazi. NdiyaMthanda. Kwaye ukuba ndi... Okoko ndiMthanda ngolwa hlobo, ndiyakuhlala ndinyanisekile kuYe. Kwaye ukuba uThixo undibizile kwaye wandanyula, Ubeke into ethile ngaphakathi kwam, kwaye ndiyaMthanda.

<sup>140</sup> Ndiyakhumbula uMnu. Isler. Nonke niyamazi, phantse nonke benu. Uza kanye apha, intloko yebhunga lesizwe sase Indiana; uyeza apha, adlale ikitare yakhe. Xana usana lwam lwafayo, umfazi wam wayefile, kwaye bonke belele phezulu apha emangcwabeni. Kwaye ndandinyuka ngendlela, izandla zam zingasemva kwam, ndilila. Watsiba wehla kwesakhe esincinci, esidala isigadla, waza weza kubeka ingalo yakhe wandigona, wathi, “Billy, ndifuna ukukubuzza umbuzo.” Wathi, “Ndikuvile ushumayela de uphantse ukuwela epulpitini.

Ndikuvile kwimbombo zestrato nayo yonke into, ukhwazela uKristu.” Wathi, “Ngoku Yena uthabathe utata wakho. Yena uthabathe umntakwenu. Wabaxhwiphula bobani, kwaye bafela ezingalweni zakho. Nankuya esifa. Umfazi wakho ufile, ebambe izandla zakho. Kwaye usana lwakho lufile, kwaye umbiza Yena ukuba akuncede. Waze Yena Wakuzela ngomhlana. Ucinga ntoni malunga naYe?”

<sup>141</sup> Ndathi, “NdiyaMthanda ngako konke okungaphakathi kwam. Ukuba Yena undithumela esihogweni, ndiyakube ndisaMthanda.” Ulilungisa. Andikutsho oko; amashumi amathandathu eminyaka akuqondakalisile oko. Injalo lonto.

<sup>142</sup> Ukuba uyamthanda Yena! Hayi ngoxanduva, ukuba, “Andinakwenza *oku*, kwaye andinakwenza *okuya*.” Umthanda kakhulu Yena ukuba uyenze, ngokuba Yena wakwanyula. Akuzange wena wanyule Yena, Wakonyula.

<sup>143</sup> Wena uthe, “Ndayifuna iNkosi, kwaye ndayifuna iNkosi.”

Akukho mntu ufunana noThixo. NguThixo, ofunana nomntu. Ungabe ufuna igwiba kuYe, kodwa uThixo kufuneka aguqule imvelo yakho phambi kokuba ungaba nakho ukufuna Yena, ngokuba, wena ungumoni, wena uyihagu. Injalo lonto.

<sup>144</sup> Kwaye abanye benu bantu abaya ecaweni kwaye baphile nje ngobulungu benu, niphume apha nize nenze yonkinto ehlabathini, kuze emva koko futhi nibuyeke nize nithi, “Ehe, ndingowebandla.” Ke oko kukude ekubeni ngokaThixo. Ngokuqinisekileyo. Andi... Kodwa niyabona abantu besenza okuya, ungaxela. Owu, bangamalungu alungileyo ecawa. Yinyaniso leyo. Ungaba lulungu lebandla kwaye wenze ezo zinto, kodwa akunakuba ngumKristu kwaye uzenze.

<sup>145</sup> Njengoko benditshilo, ngale ntsasa, “Unomnyayi omdala, ukuba kwakhe kwakho umhanahanisi, ngunomyayi.” Injalo lonto. Yena kunye nehobe bahlala kumkhombe omnye, bahlala kwisichopho sentaka esinye. Kwaye unomyayi omdala wayenelisekile xana wakhululwayo, waza waphuma kwela Bandla, ukuze abe nokuphuma phaya aze ahlale kwesinye esidala isidumbu kwaye “kwa, kwa,” kwaye atye *koku*, atye kwihase, aze atye kwinkomo, nakwintoni eyayiyiyo, wayenelisekile. Kodwa xana uNowa wakhulula ihobe, alizange lifumane kuphumlisa intende yeenyawo zalo. Lalinelungelo nalo lokuhlala kwisilwanyana esifileyo njengonomnyayi wenzayo, kodwa yayizimvelo ezimbini ezahlukileyo. Omnye wabo, wayelihobe, into yokuqala. Wayengunomnyayi, into yokuqala.

<sup>146</sup> Kodwa, ukuba uyaqaphela, unomnyayi omdala angahlala ngapha kwisidumbu esifileyo aze atye, isiqingatha semini. Ihobe liyakhulala kwintsimi yengqolowa lize litye, isiqingatha semini. Kwaye unomnyayi angabhabhela kanye phaya aze atye ukutya kwehobe, kangangokuba efuna. Angatya engako ingqolowa njengoko unomnyayi angabanakho, okanye, njengoko

ihobe lingaba nakho. Kodwa yena, unomnyayi, angatya ukutya kwehobe, kodwa ihobe alinakutya ukutya kukanomnyayi. Injalo lonto.

<sup>147</sup> Ke, umhanahanisi omdala angeza ebandleni, aze avuye akhwaze aze adumise iNkosi, aze aqhubeka ngolwahlobo, kwaye abuyele kanye emva aze avuyele izinto zehlabathi. Kodwa ozalwe ngokutsha umKristu akanakuyenza lonto, ngokuba uthando lukaThixo liyamnqanda kwindawo enjalo akanakuyenza.

<sup>148</sup> Ke ukuba nje ungumKristu ngokujoyina icawa, nokuyeka *oku nokuya*, kwaye umnqweno okwamnye ungaphakathi kuwe, udinga olunye untywiliselo. Injalo ngqo lonto.

<sup>149</sup> Kwaye nina bafazi abaganxiba kunye nazo ezindala ezincinci ezimfutshane, nize niphumele kanye apha estratweni, uze emva koko uzibize i “kholwa.” Ulikholwa, kodwa ungumzekelo ombi walo, mhlawumbi. Ukuba ngenene ubunoKristu entliziyweni yakho, ubungayi kucinga malunga nezinto ezinjalo ezinjeya. Andikhathali nokuba abanye abafazi benzani, kwaye amanye amantombi enza ntoni, ubuya kwahluka, ngokuba uyamthanda uKristu kakhulu.

<sup>150</sup> Ndathetha nomfazi ngenye imini, endlwini, kwaye walahla izandla zakhe phezulu *ngoluhlobo*, wathi, “Mfu. uBranham, ndiphantse ndaze, apha endlwini yam. Ndiyajikeleza.”

<sup>151</sup> Ndacinga, “Ihlazo kuwe.” Endlwini yakho, andikhathali nokuba uphi. Injalo lonto. Nxiba kwaye uziphathe njengomfazi, njengenekazi lifanele. Ihlazo kuwe. Kodwa uyaqhubeka. . . Ehe, iBhayibhile ithe, “Ukuba uyazithanda ezo zinto, izinto zehlabathi, uthando lukaKristu alukho kuwe.” Kwaye ukuba uyayithanda iNkosi, nje ngayo yonke intliziyo yakho, ngawo wonke umphefumlo wakho, ngayo yonke ingqondo yakho, uyakuzisusa ezo zinto zincinci zindala zimdaka, zimbi kuwe. Injalo lonto.

<sup>152</sup> Kwaye wena mdikoni, nani abanye apha, ababalekela estratweni apha, nize nitsale imixhadi kwaye nijonge kubo ngabanye abo bafazi. Ihlazo kuni; kwaye nizibize “oonyana bakaThixo.” Ndiyayazi oko kuyarhawula, kodwa kungcono urhawuke kunokuba ngoko utshe naphakade phaya. Ke ukuba niyazenza ezo zinto. . .Ngoku, akunakuyinceda ukuba umfazi uhla ngestrato, enxibe ngokungaphelanga. Wena, ukuba uyajonga, ubophelelekile ukuba umbone, kodwa ungajika intloko yakho. IBhayibhile ithe, “Nabani osukuba ejonga emfazini ukuze amkhanuke, selekrexezile kunye naye entliziyweni yakho.”

<sup>153</sup> Mandikuxelele into ethile, dade sthandwa, uzakuphendula. Andikhathali, ungaba nyulu okwe nyibiba. Ungabe ungazange wenza isono sokrexezo solwahlobo, isono sokuziphatha kakubi, ebomini bakho. Kodwa ukuba unxiba ngolwahlobo, uzakuphendula eMgwebeni ngokukrexeza kunye nayo yonke

indoda ethe yajonga kuwe. Itshilo iBhayibhile. Kwaye uhle ngestrato, ngubani onetyala, indoda? Hayi, mhlekazi. Nguwe. Uzibonakalisile ngala ndlela.

<sup>154</sup> Umfazi unendawo yakhe enkulu. Iyenyulu, entle, indawo emangalisayo. Kodwa kufanele azigcine ngala ndlela, ukugcina isikhundla sakhe njengoko afaneleyo, njengomama, njengomfazi kunye nobufazi. Xana ubufazi baphukile, umqolo wesizwe waphukile. Kwaye eso sisizathu, namhlanje, isizwe sethu sonakele, kungenxa yokuziphatha kakubi kwabafazi bethu. Injalo ngqo lonto. Ngokuqinisekileyo. Kukubola kuthi, into eyaphulayo.

<sup>155</sup> Into eniyidingayo kukuhlangana noMelkitsedeke ngelinye ixesha. Amen. Mvumele Aku—mvumele Akusikelele aze akunike iwayini, nesonka, uBomi obunguNaphakade. Emva koko uyakuzibona izinto ngokwahlukileyo. Ngoko uyaku... Iyakwahluko. Akuyi kufuna amakhwenkwe enze u... umlozi wengcuka kuwe, umlozi womvolufo, okanye nantoni ofuna ukuyibiza ngayo. Ngokuqinisekileyo hayi. Uyakwahluka.

<sup>156</sup> Kwaye uthetha ukundixelela ukuba unxiba ngolwa hlobo, kwaye uphume phaya, ngaso nasiphi esinye isizathu? Uthi, “Kutheni, iphole kakhulu.” Ubalisa ibali. Ayipholanga kakhulu. Inzululwazi ibonakalisa ukuba ayipholanga kakhulu. Iyi... Yinkanuko eze phezu kwakho, dade. Akuyiqondi. Andizami kukuvisa kabuhlungu, kodwa ndizama ukulumnkisa. Abaninzi abafazi abaziphethe kakubi, nje ukucoceka anokuba nako, inenekazi elilungileyo, liphume nezo zinto, estratweni, ekungazini oko likwenzayo, ngokuba othile okreqileyo umshumayeli uyoyika umyeni wakho akasayi kuphinda ahlawule izishumi ebandleni. Ukuba wakhe wahlangana noMelkitsedeke, ebengayi kucinga ngezo zinto. Ubeya kushumayela iVangeli. Ukuba irhawula ufele lomqolo wabo, ubeya kuLishumayela, kakade. Injalo ngqo lonto.

<sup>157</sup> Uyayenza, kwaye uyenza ngokuba amoya wenkanuko uvukile. Kwaye nina madoda eniya kuvumela abafazi benu benze ezo zinto zinjalo, ndinethemba elincinci ngani njengendoda. Injalo lonto. Injalo lonto. Ngoku, akukho zincomo kokuya, ngokuba, okanye, akukho kuxolisa, ngokuba, oko yinyaniso. Nayiphi indoda eyakuvumela umfazi wayo aphumele estratweni aze enze ngolwahlobo, mzalwana, ufanele ube unxibe iimpahla *zakhe*. Injalo lonto. Wena, kutheni, bethu!

<sup>158</sup> Andithi umfazi wam akasayi kuyenza. Kodwa kufanele ndiguqulwe kwaye ndigqwetheke, koko ndikuko ngoku, ukuba ndingakhe ndibe ndiphile naye ngelixa esenza lonto. Kwaye oko kunjalo ngqo.

Iintombi zam, zingabe zingayenza xana zifikelela ebufazini. Andithi aziyikuyenza. Andiyazi. Oko kuxhomekeke kwinceba kaThixo. Ndiyathemba aziyi kuyenza. Ukuba ziyayenza,

ziyakutsiba ngaphaya kwemithandazo yoyise olilungisa. Ziyakutsiba ngaphaya kobomi bomntu othile ozamileyo ukuphila lungileyo, ukuba ziyakuyenza. Injalo lonto. Kodwa ndifuna ukuphila ngokulungileyo, ndifundise okulungileyo, ndilunge, kwaye ndiziyalele okulungileyo. Ukuba ziyakwenza okuya, ziyakubetha indlela yazo ukuya esihogweni, ziqabela ngaphezulu kokushumayela kwam, nangaphezulu kukaKristu wam, nangaphezulu kwezilumkiso zam, injalo lonto, ukuba zingaze ziyenze. Ngokuqinisekileyo. Injalo lonto.

<sup>159</sup> Usizi kuwe. Ukuba ungaze uhlangane noKristu, ubuso ngobuso, aze Yena akusikelele, aze abeke olwalango lokwamkela entliziyweni yakho, onke amademoni esihogweni akanakuze akwenze uzinxibe kwakhona. Injalo lonto. Uguqukile ukusuka ekufeni ukuya eBomini, kwaye umdla wakho ubekwe kwizinto zangasentla kwaye hayi kwizinto zomhlaba. Amen. Kungcono ndiwushiye la mxholo. Iburhawuzelelisa. Kulungile. Kodwa yiNyaniso.

<sup>160</sup> Kulungile, njengoko siqhubeka ngoku nje umganyana, ngoko siyavala.

*...okunene abakoonyana bakaLevi, ...bamkelayo isishumi sesikhundla sobubingeleli, kwaye banomthetho wokuthabatha isishumi kubo abantu ngokomthetho, oko kukuthi, kubo abazalwana babo, nakuba bephume esinqeni sika Abraham:*

*Kodwa yena omlibo wakuzalwa ungenakubalelwa kubo owamkela izishumi ku Abraham, wasikelela lowo unedinga.*

*Kwaye ngako konke ukuphikiswa encinane into isikelelwa yeyona inkulu.*

*Kananjalo apha abantu abafayo bamkela izishumi; kodwa apha yena wamkela, khona apho ngongqinelweyo ukuba udla ubomi. Kwaye ndi . . .*

*Kwaye njengoko ndinga . . .tsho, uLevi kananjalo, . . . wamkela isishumi, wamkela isishumi, wahlawula izishumi ku Abraham.*

*Kuba wayesesinqeni sikayise, xana uMelkitsedeke wahlangana naye.*

<sup>161</sup> I—isimo sengqondo sakho kuKristu siyakwenza isibonakaliso esikhulu koko abantwana bakho bayakuba kuko. Ubomi bakho obuphilayo phambi kosapho lwakho buyakwenza isibonakaliso koko abantwana bakho bayakuba kuko. Kuba, iBhayibhile yatsho, ukuthi, “Uyakutyelela ubugwenxa babazali phezu kwabantwana kwesesithathu nakwesesine izizukulwana.”

<sup>162</sup> Ngoku, nje ithutyana, phambi kokuvala.

Kwaye, *ngoko ke ukuba ingqibelelo* (nantso ingqibelelo yakho kwakhona) *ibingabakho ngobubingeleli bakwaLevi, (kuba phantsi kwabo abantu bamkela umthetho,)* *bekusafuneka ngantoni na ukuba kubuye . . . wumbi umbingeleli avele ngokohlobo lukaMelkitsedeke, angabizwa ngokohlobo luka Aron?*

<sup>163</sup> Umthetho, abomthetho, yabona, “Owu, kufuneka wenze *oku*. Ukuba akukwenzi *oku*, akungomKristu. Ukuba akuyigcini isabatha! Ukuba aku . . . Ukuba utya inyama! Ukuba wenza *ezi zinto!*” Zonke ezi mbono zomthetho. “Kwaye ufanele uye ecaweni. Ukuba akuyi, uhlawula isohlwayo sayo. Kufanele wenze umthandazo inovena.” Ezazinto bubuvuvu. Usindiswe ngobabalo lukaThixo, ngolwazi lukaThixo lwangaphambili, ngomiselo Lakhe lwexa lwangaphambili. UThixo wabiza u-Abraham ngomiselo lwexa lwangaphambili, ngolwazi lwangaphambili. Wabiza. Wamthiya u-Esawu, waza wamthanda uYakobi, phambi kokuba namnye kubo wazalwa. Injalo lonto. Lu—lulwazi lukaThixo lwangaphambili olwaziyo ezi zinto.

<sup>164</sup> Uthi ngoko, “Yintoni imfuneko yokushumayela iVangeli?”

<sup>165</sup> Ngoku ndiyakutsho kuwe, oku. UPawulos wakuphendula okuya, okanye uYesu wayenza, gxebe. Nanku uYesu. Wathi, “UbuKumkani beZulu bunje ngendoda eyaya koku, i—iqula okanye ichibi, yaphosa umnatha. Yatsala. Phaya, yaba namafudo. Yaba no fudo lwamanzi. Yaba namarhamba. Yaba namacikilishe. Yaba namasele. Yaba nezigcawu. Yaba nohiphayo. Yaba—yabanentlanzi.” Ngoku, indoda nje irhugula.

<sup>166</sup> Oko kufana neVangeli. Nantsi apha ngoku, Ndishumayela iVangeli. Ndiphosa nje umnatha. Ndiyawutsala, ndithi, “Bonke abathandayo, nabani, makeze.” Naku kusiza abathile, esiguqweni. Bonke bayama esiguqweni. Bayathadaza. Bayalila. Andazi omnye komnye. Asiyondaba yam. Ndandingathunyelwanga kugweba.

<sup>167</sup> Kodwa, kukho abathile phaya abangamasele. Kukho abathile abangamacikilishe. Kukho abathile abaziinyoka. Injalo, abathile, ngamafundo. Kwaye kukho abathile abaziintlanzi. Asiyondaba yam ukugweba. Ndithi, “Bawo, naku endikutsalileyo.”

<sup>168</sup> Kodwa, isele lalilisele, into yokuqala.

<sup>169</sup> Isigcawu, isigcawu esidala siyakuhlala phaya size sibhekabheke, ithuba elincinci, sibhedulule loomehlo makhulu, sibhekabheke, sithi, “Niyayazi intoni? Ndiye ndafumana okuninzi kwaLento endinokumelana nayo.” Plop, plop, plop, plop, phandle bayemka.

<sup>170</sup> Inenekazi elidala lerhamba liyakuvusa intloko yalo, lize lithi, “Kuhle, uyayazi intoni? Ukuba bazakushumayela ngolwahlobo, ngokuchasene nokunxiba ezimfutshane kunye



nezinto, oko kuyandithatha. Ke ndiyakusuka kwelagquba labaqengqeleki abangwele. Kuko konke okufanele kube kuko.” Wawuyinyoka into yokuqala. Oko kunjalo ngqo. Ehe.

171 Kwaye naku kuhleli omdala umnumzana xoxo lesele, kunye nalamdiza wesiga mkhulu emlonyeni walo, njengengqukuva yenkabi yenkomo yaseTexas, uyakuma phaya aze abhekabheke, athi, “Kulungile, akuzange kundigwebe mna ukutshaya. Ndiyakusuka ndiphume mna kulento, kanye ngoku.” Kuhle, wena sele elidala, wawukoko, into yokuqala. Injalo ngqo lonto. Injalo ngqo lonto.

172 Imvelo yakho ibonakalisa oko ukuko. Ubomi bakho buyabonakalisa, bubonakalisa oko ukuko, nasekuqalekeni. Akukho nzima kum ukubona okuya. Akukho nzima kuwe ukuyibona.

173 Ukuba ndiphuma ndiye kwifama kaRoly Slaughter ehleli phaya, kwaye ndibone iihagu phandle kwimfumba yomgquba, zisitya umgquba, bendingayi kucingayo nto imbi malunga noko. Uyihagu. Kodwa ukuba ndibona imvana phezu kulamfumba yomgquba, bendiyakumangala. Uh-huh. Yabona? Sukukhathazeka, akuyi kumbona phaya. Yena akanakho nje ukuyimela. Injalo lonto.

174 Kwaye indoda ethe yazalwa ngoMoya kaThixo izithiyile izinto zehlabathi. Injalo lonto, “Kuba ukuba uthanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuwe.”

175 Ukuba ndihla ndinyuka nabafazi yonke imihla, ndize ndingene, ndixelele umfazi wam ndiyamthanda, uyakuyazi ukuba ndandilixoki. Izenzo zam ziyakuthetha kakhulu kunamazwi am. Ngokuqinisekileyo. Ndibonakalisa kuye ukuba bendingamthandi, ngokuba bendinganyanisekanga kuye.

176 Wandixelela ube endithanda, kwaye lonke ixesha bendiyakumka, ebeya kumka nomntu ongomnye, ibiya kubonakalisa ukuba ebengandithandi. Injalo. Izenzo zakhe ziyayibonakalisa. Andikhathali kukangakanani eyakuzama ukundixelela, “Bill, ndiyakuthanda, kwaye akukho wumbi ongomnye ehlabathini kuphela nguwe,” bendiyakuyazi ebelixoki.

177 Kwaye xana uzama ukuthi, “Nkosi, ndiyaKuthanda,” kwaye wenze izinto zehlabathi, UThixo uyayazi ulixoki, into yokuqala. Ke kutheni? Yintoni umsebenzi wokwamkela amadala amava asisiqingatha, kunye nento ethile efana naleya, ngelixa izibhakabhaka ezikhulu zeZulu zizele yinto yenene? Kutheni ufuna ukuba lusizi, uzibize, isiqingatha, isiqingatha sobhakiweyo, obizwa umKristu? Xana, ungaba ngowenene ozalwe ngokutsha umntwana kaThixo, kunye nezikhencezi zandi-zovuyo zeZulu zikhala entliziyweni yakho, uvuya, kwaye

udumisa uThixo, kwaye uphila ubomi boloyiso ngaye uYesu Kristu.

<sup>178</sup> Hayi ukuzama ukuyenza ngokunokwakho, ngokuba uyakusilela, into yokuqala. Kodwa thabatha Yena, LiLizwi Lakhe, uze uphumle phezu koko Athe kwakuyiNyaniso. Uze ukholelwe Yena, uze uthande Yena, kwaye Yena uyakwenza yonke into isebenze kakuhle kuwe. Yilonto. Olo luluvo.

<sup>179</sup> INkosi inisikelele. Andifuni kuningxolisa, kodwa, mzalwana, kungcono ukufumana ukungxoliswa okuncinci. Ningabancinci bam. Yabona? Kwaye nawuphi utata obathandayo abantwana bakhe ngokuqinisekileyo uyakubalungisa, okanye akululo uhlobo olulungileyo lukatata. Ingaba injalo? Injalo lonto. Kwaye la tata unomthetho omnye kuphela, kwaye lowo ngumthetho wekhaya. Kwaye uThixo unomthetho omnye, kwaye elo liLizwi Lakhe.

<sup>180</sup> Ukuba siyalikholwa iLizwi Lakhe, ngoko siyakuphila ngeLizwi Lakhe. Luxanduva lwethu, ukuba sakhe sahlangani noThixo. Hayi kuba usithi, “Kuhle, ndiyaya ecaweni, kwaye ndifanele denze *oku*.” Ulusizi. Sukuyenza lonto. Kutheni ufuna ukuba lusizi, intothomane, unomnyayi ongenathixo, xana ubunokuba lihobe? Ngokuqinisekileyo. Kufanele nje ube nemvelo eguquliweyo. Kwaye uguqule imvelo yakho, ube ngunyana nentombi kaThixo, ube seluxolweni noThixo.

<sup>181</sup> UYesu! “Ngokunjalo uYesu kananjalo, ukuze Abe nakho ukungcwalisa abantu ngeGazi Lakhe Yena, wava ubunzima ngaphandle kwamasango,” amaHebhere 13:12 kunye ne-13. AmaRoma 5:1, “Ngoko ke ekubeni nigwetyelwe ngokholo,” hayi ngokuxhawula izandla, hayi ngokubhaptizwa ngamanzi, hayi ngokubekwa izandla, hayi ngokukhwaza, hayi ngokuthetha iilwimi, hayi ngemizwa. “Kodwa ningwetyelwe ngokholo, sinoxolo noThixo ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu.” Sidlulile ekufeni sangena eBomini, saza sazizidalwa ezitsha, ngokuba siye sakholwa kokuphela kwamzeleyo uNyana kaThixo, saza samamnkela Yena njengoMsindisi wethu. Kwaye iGazi Lakhe liyasebenza, ngobu busuku, njengesingxengxezelo sezono zethu, ukuba lime endaweni yethu.

<sup>182</sup> KwiTestamente Endala, inye kuphela indawo yokuba nobudlelwana, leyo kuphantsi kwegazi. Lonke ikholwa kwakufanele lize phantsi kwegazi. Xana ithokazi elibomvu lenkomo labulawa, lalisenziwa idini lesono. Kwakufuneka libe bomvu. Kwaye kwisahluko se-19 se Eksodus, ukuba nabani wenu angathanda ukusifunda. Kwaye kufanele lithatyathwe, iimpuphu, lonke, litshiswe ngokudibeneyo. Kwaye ngoko oko kwakusenziwa amanzi okwahlukanisa. Lalibekwa ngaphandle kwamasango. Kwakufuneka liphathwa ngezandla ezicocekileyo. Igazi lelithokazi lalihamba ngaphambili...ukuya ebandleni, lize litshizwe amatyeli asixhenxe ngaphaya phezu kwecango.

Kwaye ngoku, wonke umntu ongcolisekileyo ebenyuka, kufanele aqale aqonde kwaye abone ela gazi, aze aqaphele ukuba kukho kuphela ubudlelwana phantsi kwela gazi. Kuphela kwendawo umnquli anokuthi ngenene anqule ngokusesikweni, kwakuphantsi kwegazi.

<sup>183</sup> Ngoko, into yokuqala awayefanele ayenze, ngaphambi kokuba angeza phantsi kwegazi, phaya kwakufanele ibe ngala manzi okwahlukanisa atshizwe phezu kwakhe, baze abangacocekanga bacocwe.

<sup>184</sup> Kwaye babethabatha amanzi okwahlukanisa baze bawatshize phezu komntu ongumbhaduli, aze amahlule kwizono zakhe. Kuze emva koko ahambe phantsi kwalemigca isixhenxe yegazi, aze abe nobudlelwana kunye nawo onke amakholwa eBukhoni bukaThixo.

<sup>185</sup> Inye kuphela indlela yokuyenza. Hayi ngokuxhawula izandla, hayi ngokuyoyina ibandla, hayi ngeembhaptizo, hayi ngeemvakalelo; kodwa ukuya emanzini okwahlukanisa, ubeke izandla zakho, ngokholo phezu kwentloko kaYesu, uze uthi, “Ndingumoni, kwaye Wena wafa endaweni yam. Kwaye Into ethile kum iyandixelela ukuba Wena uyakundixolela izono zam, kwaye ndiYakwamkela njengoMsindiso wam ngoku.” Hamba ngaphantsi kweGazi, ngaphaya, ube nobudlelwana kunye nabantwana bakaThixo. Yilonto. Yidla isonka, sela iwayini, uze ube nobudlelwana nebandla.

<sup>186</sup> Owu, akamangalisi Yena? Akalunganga na Yena? Ngoku, oku kungakhangelaka ngokungaqhelekanga kuwe, sihlobo. Kodwa yintoni—yintoni endimele yona apha ndize nditsho ezi zinto ngenxa yayo? Ingaba ndingazitsho ukuzama ukuzenza owahlukileyo kwabanye abantu abangabanye? Ukuba ndiyayenza, ngoko ndidinga ukuguquka. NdiZitsho Zona ngokuba uThixo uZitshilo, ngokuba LiLizwi likaThixo. Kwaye phulaphula. Kuza ilixa, kwaye ngoku likho, lokuba xana abantu behamba besuka empuma ukuya entshona, bezama ukufumana iLizwi likaThixo, kwaye bengenakho ukuLifumana.

<sup>187</sup> Xana usiya emhlanganweni, into yokuqala oyenzayo, uya phaya kwaye banemfumba yeelwimi nokutolikwa, kwaye umntu othile uyaphakama aze acaphule iSibhalo; kwaye oko kungokwenyama. Ngokuqinisekileyo. UThixo watsho ngathi “singasebenzisi ukuphindaphinda okulilize,” malunga naphi naYe? Ukuba Yena waLibhala kwaba kanye, Likholelwe. Akudingeki Yena aLitsho kwakhona. Ilwimi nokutolikwa kulungile, kodwa ifanele ibe ngumyalezo ongqalileyo ebandleni nakumntu othile, hayi nje ngokwenyama kunye nezinto ngokufana nokuya. Kwaye ngoko nihambela ngaphambili kuzo zonke ezi zinto zingezinye.

<sup>188</sup> Apha ngenye imini, amadoda amabini aya e...kwaye indoda kunye nomfazi, kunye nenye indoda nomfazi, nje abatsha

abatshatileyo, baya endaweni, ukuya e-Afrika njengemishinari. Umntu othile wema waza wanika isiprofeto, waza wanika iilwimi kunye notoliko, lokuba, “Omnye unomfazi womnye.” Okokuba, “Ayifanele ibe ngala ndlela. Batshate umntu ongenguye.” Kwaye abo bantu babini bohlokana baze baphinda batshata, kwakhona. Enye indoda yathabatha umfazi wenye, enye omnye, kwihlelo elikhokeleyo lamaPentekoste, baza baya e-Afrika njengeemishinari.

<sup>189</sup> Mzalwana, xa uthabatha isifungo sakho, ubophelelekile kwesasifungo de ukufa kukukhulule. Ngokuqinisekileyo injalo. Ngokuqinisekileyo. Xana uthabatha isifungo, siyabophelela.

<sup>190</sup> Zonke ezo, mfitshimfitshi! Kwaye ifikelela kwindawo xana usiya emabandleni, lingabe libanda kakhulu kwaye liqinile kwaye lomile, de isixhobo sokulinganisa ubushushu sikamoya siye ngaphantsi kweqanda. Abantu bahlala nje ngokungathi yintsumpa kwikomkomere, nje ukuba muncu nokungabi namdla nokushwabanisa imilebe. Kwaye ukuba uva umntu othile, emva kude phaya ekoneni, angandumzela omncinci u “amen,” kube kanye ethubeni, njengokungathi ibavisa kabuhlungu, bonke kubo bayakutsala iintamo zabo njengamarhanisi, ukuba babhekabheke, babone okwenzekileyo. Niyayazi lonto yinyaniso. Andikutsho oko ukwenzela isiqhulo. Lena asiyondawo yokuqhula. Leyo yiNyaniso. Kulungile. Ndikutsho ngokuba yiNyaniso yeVangeli.

<sup>191</sup> Kwaye kwelinye icala, ufumana igquba lobuvuvu bemfumba yeemvakalelo zenyama ziqhubeka, kwaye iLizwi lenyani likaThixo ekugqibeleni lifike kwindawo apho ungenakufane uLive: endala esebindini-wendlela, iVangeli, uKukhanya endleleni yam, haleluya, iGazi leMvana, uthando lukaThixo olusahlulayo kwizinto zehlabathi.

<sup>192</sup> “Ingaba wakhe wathetha ngeelwimi, mzalwana? AkunaWo. Ingaba wakhe wakhwaza de ukuvakalelwa okubandayo kwenyuka ngomqolo wakho? Ingaba ukhe wabona iibhola zomlilo?” Owu, ubuvuvuvu! Akukho nto injalo.

<sup>193</sup> Ingaba nikholelwe na kwiNkosi uYesu Kristu naza namamkela Yena njengoMsindisi wenu? Kwaye uMoya kaThixo unqinelana nomoya wenu, ukuba ningoonyana neentombi zikaThixo. Kwaye ubomi benu buvelisa isiqhamo sothando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ubulali, ububele. Ngoko ningamaKristu. Ukuba abuvelisi, andikhathali yintoni eniyenzayo.

UPawulos wathi, “Ndinganikela ngomzimba wam ukuba utshiswe njengedini. Ndizazi zonke iimfihlelo zikaThixo. Ndingasusa iintaba ngokholo lwam. Ndingathetha ngeelwimi njengabantu neeNgelosi. Andinto yanto.” Kunjani oko? AmaKorinte Okuqala 13; fumanisa ukuba Oko kunjalo okanye hayi.

194 Ngoku fumanisa ukuba—ukuba amaKorinte, amaKorinte eSibini 13, ndiyakholwa ngawo. Okanye, kulungile, ingaba ngawoKuqala okanye aweSibini amaKorinte. AmaKorinte oKuqala phaya, amaKorinte oKuqala 13, injalo. “Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezeeNgelosi,” zombini intlobo ezinokutolikwa kunye nokuya, alunakutolikwa, “andinto yanto.” Ke yintoni umsebenzi wokuba ubhanxe ngayo, ngoko?

195 “Nokuba ndizazi iimfihlelo zonke zikaThixo.” Kutheni usiya kwizikolo zakwalizwi uze uzame ukufunda kangako? Kungcono ulungise noThixo, kuqala. Ngokuqinisekileyo. “Ndingafanelana ndi, ‘Owu, makabongwe haleluya!’”

196 Ufumana ukuze ungabi saba nalo nebandla ngaphandle kokuba unomkhankaso wempiliso okanye uhlobo oluthile lwemimangaliso eqhubekayo. “Esingcolileyo nesikrexezayo isizukulwana sifuna okunjalo.” Yintoni oyifunayo ngokuya?

197 UPawulos wathi ebengabanakho ukwenza zonke iintlobo zezinto, nkqu nokususa iintaba, kwaye futhi abe engento yanto. “Apho kukho iilwimi, ziyakupheza. Apho kukho ulwazi, luyakubhanga. Apho kukho iziprofeto, ziyakusilela. Kodwa xana oko kugqibeleleyo kufika, kuyakuma naphakade,” kwaye uthando yingqibelelo. “UThixo walithanda ihlabathi, wathi Wanikela ngokuphela kwamzelelo uNyana Wakhe, ukuze,” nabani ongcangezelayo, nabani odlikidlayo, nabani othethayo, nabani-...? “nabani okholwayo kuYe angatshabalali, kodwa abe noBomi obunguNaphakade.” Niyakholelwa oko bantwana.

198 Bazama ukuyenza nzima kangako, ezi zinto kunye nezozinto. Xana, ifikelela kwinto enye: ukholo olulolwakho kuThixo. Yilonto. Oko kuyayixela. “Kuba ngokholo,” hayi ngemvakalelo. “Ngokholo,” hayi ngokuvakalelwa. “Ngokholo,” hayi ngemizwa. “Kodwa ngokholo nisindisiwe; kwaye ngokuya...” Ngokuba ufune iNkosi? Ngokuba ube ungumntu olungileyo? Ngokuba, “uThixo, ngobabalo, wakwazi kwangaphambili kwaye wakumisela kuBomi obunguNaphakade.”

199 Wathi uYesu, “Akukho bani unokuza kuM ade uBawo waM amtsale. Kwaye bonke abazayo kum, Ndiyakubanika uBomi obunguNaphakade. Akukho mntu unokubancothula esandleni saM. BangabaM. Bayakuhlala besindisiwe. Ndibafumene. Akukho mntu unokubancothula esandleni sikaBawo waM, kwaye Yena nguye obanikele kuM. Bazizipho zaM zothando.”

200 “Kwaye bonke Awabaziyo ngaphambili, Wababiza bona.” Akabizi nabani ngaphandle kokuba Wamazi kwangaphambili. “Bonke Awababizayo, Wabagwebela bona; bonke Awabagwebelayo, Wabazukisa bona.” Ke, niyabona, sikuphumlo nje olugqibeleleyo.

201 Ngoku, ndiyayazi kukho abangqongqo ngomthetho apha, amashumi alithoba anesithoba eepesenti enu. Kodwa, jonga,

ukuba nje niyakuthabatha Oku kwaye niqonde ukuba mna andizami kutsho kuni into ethile.

<sup>202</sup> Emva koko nithi, “Kuhle, Mzalwana uBranham, ndasoloko ndicinga bendifanele ndenze *oku* kwaye ndifanele ndenze *okuya*.” Kukho onjalo u—onjalo umahluko kuyo, mzalwana, into okufanele uyenze kunye nento ofuna ukuyenza. Usindisiwe, hayi ngokuba ube nento obufanele uyenze ngayo. Usindisiwe ngokuba uThixo wakusindisa ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.

<sup>203</sup> Phulaphula, phulaphula apha, iBhayibhile yathi, kwiSityhilelo, ndizakuthathela kwesokuqala ukuya kwesokugqibela ngoku, iBhayibhile yathi, kwiSityhilelo, ukuba, xana irhamncwa lafikayo, “Lakhohlisa bonke phezu komhlaba,” irhamncwa layenza, “lakhohlisa bonke abaphezu komhlaba, abamagama abo ayengabhalwanga eNcwadini yoBomi yeMvana,” Kusukela kwimvuselela yaqalayo, ingaba oko kuvakala kakuhle? Kulungile, kusukela umshumayeli washumayelayo la ntshumayelo inamandla? Kusukela la mntu waphiliswayo? “kusukela ekusekweni kwehlabathi.”

<sup>204</sup> Kuphi apho uYesu waxhelwa khona, eKhalvari? Hayi, mhlekazi. UYesu waxhelwa phambi kokusekwa kwehlabathi. “Bonani iMvana kaThixo, eyaxhelwayo phambi kokusekwa kwehlabathi.” UThixo, ekuqalekeni, xana Wabona isono, Wabona oko kwakwenzekile, Wathetha iLizwi. Kwaye uYesu waxhelwa phambi kokusekwa kwehlabathi. Kwaye wonke umntu wasindiswa, wasindiswa, ngokweBhayibhile, xana iMvana yaxhelwayo engcingeni kaThixo, phambi kokusekwa kwehlabathi. Wawubandakanyiwe kusindiso ngoko. Ke yintoni ozakuyenza malunga naYo?

<sup>205</sup> NguThixo. Malibongwe iGama leNkosi! “NguThixo osebenzayo; hayi lowo ofunayo okanye lowo ubalekayo, kodwa uThixo ubonakalisa inceba.”

Ukuba uYesu waxhelwa phambi kokusekwa kwehlabathi, ithabathe amawaka amane eminyaka phambi kokuba yenzeke ngenene. Kodwa xana uThixo wayithethayo emva phaya, lonke iLizwi likaThixo liqinile. Aliguquki. Liyagqithiseka. Alinakusilela. Kwaye xana uThixo wamxhela uNyana phambi kokusekwa kwehlabathi, Wayexheliwe nje ngokungako ngoko njengoko wabanjalo Yena eKhalvari. Ngumsebenzi ogqityiweyo, xana uThixo esitsho njalo. Kwaye khumbulani, xana iMvana yaxhelwayo, usindiso lwenu lwalubandakanyiwe kwidini, ngokuba iBhayibhile yatsho ukuba igama lakho lali “Bhalwe kwiNcwadi yeMvana yoBomi phambi kokusekwa kwehlabathi.”

Malunga nantoni noko? Ngoko yintoni esizakuyenza? NguThixo obonakalisa inceba. NguThixo owakubizayo. NguThixo owakukhethayo kuKristu phambi kokusekwa kwehlabathi. UYesu wathi, “Anizange—anizange naNdikhetha.

Ndanikhetha. Kwaye Ndanazi, phambi kokusekwa kwehlabathi.” Nantso ke.

206 Ke, yabona, oko kususa uloyiko kuwe. “Owu, andazi nokuba ndingaqhubeka ndibambebele? Ndiyakuphumelela, makabongwe uThixo, ukuba nje ndiyakuqhebeka ndibambebele.” Asikokuba ndingabambelela na, okanye hayi. Kukuba Yena wabambelela, okanye hayi. Kukoko—oko Yena wakwenzayo, hayi oko mna ndakwenzayo. Koko Yena wakwenzayo.

Njengaphantsi komthetho wentlangulo. Lena yinto encinci endifuna ukuyitsho phambi kokuvala.

207 Kungathini ukuba imazi endala yehashe ingazala imeyile encinci? Kwaye lameyile incinci ineendlebe zombini zijinga. Yayiligxwemu, kwaye igqubana amadolo, imilenze egoso. Umsila wayo walathe ngqo phezulu emoyeni. Esinjani ukubasibi ukujongeka isilwanyana! Ngokuba, nabani. . . Ukuba lameyile incinci inokucinga, ithi, “Ngoku, linda umzuzu. Xana bephuma endlini ngale ntsasa, ndiyakuxelela, ndiqinisekile ndiyakubethwa entloko. Ngokuba, abazange bandondle. Jonga enjalo ukuba mbi ukujongeka into endiyiyo. Andinalo nethuba eli.”

208 Kulungile, injalo lonto. Akunathuba. “Kuhle, ndazalelwa kwelihlabathi, kodwa jonga apha enjani ukubambi into ukujongeka endiyiyo. Ke a—a—a—andisokuze ndibe nathuba. Andisokuze ndiphumelele. Andinakuphumelela.” Yabona?

209 Kodwa kungathini ukuba umama wayo uyalelwe ngenene emthethweni? Ubeyakuthi, “Nyana, injalo lonto. Akukho kwisimo konke konke, kwaye akufanelekanga kwa ukutya ukutya okuphuma emhlabeni. Injalo lonto. Akufanelekanga. Kodwa, nyana, ngandlela ithile ingenye, ungowam wokuqala. Kwaye, uyayazi, uzalelwe phantsi kwelungelo lobuzibulo. Kwaye umbingeleli akasokuze akubone. Kodwa, ukwenzela igama lakho, kufanele kubekho imvana emsulwa engenasiphako, kufanele ife endaweni yakho, ukuze uphile.”

210 Kuhle, lameyile incinci ingakhabela phezulu nje izithende zayo ize ibe nexesha elimnandi. Azenzi namnye umahluko into eyiyo, ngokuba ayisokuze ibonwe ngumgwebi, umbingeleli. Yimvana athi umbingeleli ajonge kuyo. Hayi imeyile; imvana!

211 Kwaye nguKristu athi uThixo ajonge kuye, hayi wena. NguKristu. Ke ukuba akukho siphoso kuYe, kungathini ukubakho isiphoso? Angathini Yena ukufumana isiphoso, xana ufile kwaye ubomi bakho bufihlwe kuKristu ngaye uThixo, butywiniwe ngoMoya oyiNgcwele? “Abo bazelwe nguThixo abasenzi isono, kuba akanakona.” Angathini ukona xana idini eligqibeleleyo lilele endaweni yakhe? UThixo akakhe ajonge kum, Ujonga kuKristu, ngokuba sikuKristu.

212 Ngoku, ukuba ndiyamthanda uKristu, ndiyakuphila naYe. Ebengasayi kundingenisa ngaphandle Yena uyazi. Ukuba uThixo undisindisile namhlanje, esazi ukuba Ebeyakuphulukana nam kwiiveki ezintandathu ukusuka namhlanje, Woyisa injonga Yakhe Yena. Kunjalo. Akalazi kwa ukulazi ikamva ngoko, ukuba Yena wandisindisa, esazi. Yintoni Afuna ukundisindisela yona, esasi Yena ukuba uyakuphulukana nam? UThixo akazeni izinto, emva koko ayibuyise kwiiveki ezimbini, ukuze agcine isithembiso Sakhe. Xana Yena ekusindisa, ukwenzela ixesha noNaphakade.

213 Ngoku, ungazivuselela, uze uthi, “Owu, ewe, makabongwe uThixo! Haleluya! Ndithethe ngeelwimi. Ndikhwazile. Ndimfumene. Haleluya!” Oko akuthethi uWufumene. Kodwa, mzalwana, xana Into ethile isehlela *apha*, kwaye i-ankiliwe kunye noKristu, ngoko iziqhamo zikaMoya ziyakulandela. Sinobungqina, umoya wethu kunye noMoya Wakhe, bokokuba singoonyana neentombi zikaThixo. Nceda nibe nako Oko, zihlobo.

214 Ndiyakunigcina apha ubusuku bonke, ndithetha malunga nako. NdiyaYithanda. Ndiyanithanda. Ndibuyela kulo mnquba, ixesha emva kwexesha, ukuba uThixo uyakubugcina ubomi bam. Ndifuna ukunibona nineengcambu kwaye nimiliselekile kolwaKholo luNgewe. Andifuni kunibona niphehluzeliswa nguwo wonke umoya omncinci wemfundiso, ethi ifike, ize inishukumise, nize niqhubeke, baze babe negazi elincinci ezandleni zabo, okanye iqabaka encinci ebusweni babo, okanye into ethile engenye, nokubona uhlobo oluthile lwe—lwe—lwezikhanyiso phambi kwabo, kunye nohlobo oluthile lwe—lwento yokuzithandela, njengoko iBhayibhile yathi, “Ekhukhumele entliziyweni yakhe, kwaye engaboni nto.” Injalo lonto. Ndifuna ukuba nibe ngabaqinileyo eLizwini. Ukuba ngu ITSHO INKOSI, hlala naLo, phila naLo. Leyo yi Urim Thummim yanamhlanje. UThixo ufuna uphile ngaYo. Ukuba ayikho eLizwini, ngoko libala malunga nayo. Philela uThixo, philela uKristu.

215 Kwaye ukuba intliziyo yakho iqalisa ukuzula, uyayazi kukho into eyenzekileyo, buyela emva esiguqweni uze uthi, “Kristu, hlaziya olwam...uvuyo losindiso lwam. Ndiphe olwathando ndakhe ndaba nalo. Luyavuzwa, Nkosi. Kukho into ethile endiyenzileyo. Ndenze ngewe kwakhona, yima. Owu Nkosi, akukho nto endingayenza. Andinakuyeka *le* ndiyeke *leya*. Ndijonge kuWe ukuba uyisuse kum, Nkosi, kwaye ndiyaKuthanda.”

216 Uze uhambe umke kweso siguqo, umntu omtsha kuKristu uYesu. Ngoko akusayi kuxhomekeka ebandleni lakho, kuxhemekeka kumbingeleli wakho, kuxhemekeka kumalusi wakho. Uxhomekeke kwigaGazi eliphalaziweyo leNkosi uYesu. “Ngobabalo usindisiwe.”



## Masithandazeni.

<sup>217</sup> Nkosi, ezinjalo ukuba lukhuni iimfundiso! Lixesha eli bandla lincinci linokuthabatha inyama, kwaye akusekho bisi lweLizwi. Sibe sisebisini kakhulu ngoku, sinika usana imbhodlela yalo. Kodwa kufanele sifumane inyama eqinileyo, kuba imini iyasondela. Amaxesha amakhulu omngcipheko afikile, kwaye ingxaki eninzi ilele endleleni. Kwaye siyayazi ukuba akusayi kubakho maxesha angcono. Siyayazi ukuba sisekupheleni. Amaxesha ayakuqhubeka ukuba mabi nokuba mabi ade uYesu afike, ngokweZibhalo.

<sup>218</sup> Asinakubathembisa nto kobu bomi. Kodwa kubomi obuzayo, singabathembisa uBomi obunguNaphakade ngeLizwi Lakho, ukuba bayakukholelwa kuNyana kaThixo baze baMamkele njengesiNgxengxezelo sabo, njengaLowo Owema endaweni yabo, njengaLowo Owathabatha izono zabo. Siphe oko ngoku.

<sup>219</sup> Banga abangakholwayo bangaba ngamakholwa. Banga abazibiza ibandla, apha ngobu busuku, abazibize ngenkolo baza nje bahlala ebandleni, banga bangazuza amava noThixo; okokuba olunjalo uthando luze ezintliziyweni zabo, okokuba balile ngenxa yezono zabo, bafe kwiziqu zabo, kwaye bazalwe ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele, kwaye babe nobulali nobubele, nokuthanda, kwaye bazale luvuyo neentsikelelo. Baphile obunjalo ubomi, de babe nesinjalo isongo setyuwa sokuba benze abantu ababangqongileyo, banxanelwe ukufana nabo. Siphe oko, Nkosi, kuba sikucela oko eGameni Lakhe.

Kwaye ngeentloko zethu ziqutyudiwe.

<sup>220</sup> Ndiyamangala, ngobu busuku, ukuba kuyakubakho othile apha, othi, “Mzalwana uBranham, ukuba bendibekwe esikalini sikaThixo ngela xesha, bendingasokuze, sokuze, sokuze ndibenakho ukufezekisa lamfaneleko othetha ngayo ngobu busuku. Ndifuna undikhumbule emthandazweni, okokuba ndiyakuguqula iindlela zam, kwaye uThixo uyakungena aze asuse obu buvuvu kum aze andenze umKristu wenene”? Ungaphakamisa isandla sakho ukwenzela umthandazo, njengoko wena, ukuba unganakho? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, ngasemva. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, dade.

Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele, Nkosi Thixo womkhosi.

Izulu nomhlaba lizele nguWe,  
Izulu nomhlaba zidumisa Wena,  
O Nkosi Wena Osenyangweni.

Ngcwele . . .

<sup>221</sup> Njengoko nicinga ngoku, nithandaza, njengoko nikhohisekile ukuba beningalungisanga, kwaye nifuna ukulunga, ungaphakamisa nje isandla sakho, uthi, “Thixo, ndenze oko

ndifanele ndibe kuko”? UThixo akusikele, nenekazi elincinci. “Thixo, ndenze ndibe koko ndifanele ndibe kuko.” UThixo akusikelele, mzalwana, dade, wena, wena, wena *ngapha*.

<sup>222</sup> Usuku luyaphela. Ndiyayazi kunzima, zihlobo, kodwa kugcono ukuyazi iNyaniso ngoku. Ngoku thandazani ngokuzolileyo.

Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele, Nkosi Thixo . . .

Uyingcwele, yedwa.

. . . lizele nguWe,  
Izulu nomhlaba zidumisa Wena,  
Owu Nkosi OseNyangweni.

<sup>223</sup> Bawo waseZulwini, njengoko ilanga litshona ngokuhlwa, iingqabe ziyahlangana emithini kunye nabathandwayo bawo. Iintaka zonke ziya kwizindlwana zazo. Amahobe abhahela ezingcingweni, phezulu, ukuze iinyoka zingawakhathazi ebusuku. Ahlala phaya aze abizane de aye kulala. Ilanga ekugqibeleni litshone.

<sup>224</sup> Ngenye imini siyehlela kula yure. Ukutshona kwelanga kuzakwenzeka. Andiyazi nini, Nkosi. Kodwa kukho abantu apha ngobu busuku abakholisekileyo ukuba bebengalungisanga, kwaye bafuna ukuza kula ndawo, njengo Lincoln weza kuyo njengoko wayesifa, wathi, “Jikelani ubuso bam ngaselangeni elitshonayo.” Kwaye waqalisa, “Bawo wethu oseZulwini.”

<sup>225</sup> NjengoMoody wakudala wathi, “Ingaba oku kukufa? Lena yimini yothweso lam.”

<sup>226</sup> Wena unguNaphakade, bamkele kanye ngoku, ngokholo, njengoko behleli phaya ezitulweni zabo. Unkqonkqozile entliziyweni yabo, esitulweni. Eso sisiguqo sabo. Eli lixesha Lakho lokubamkela, kanye ngoku. Uthe, “Lowo uzayo kuM, aNdisayi kumlahlela ngaphandle.”

<sup>227</sup> Kwaye ngenye imini xana ilanga litshona, umfazi okanye umyeni bemile ngasebhedini, oogqirha bemkile. Owu Ngcwele, Ngcwele, obuya buhle, ubumnadi obuthuleyo, nje phambi kokutshona kwelanga. Xana sinakho ukuvuka sithi:

Ukutshona kwelanga neKhwezi Langokuhlwa,  
Kwaye omnye ngokucacileyo uyandibiza!  
Kwaye kwanga kungangabikho kukhalaza  
emgwebeni,  
Xana ndithabatha uhambo ngolwandle.

<sup>228</sup> Owu Thixo, nikeza oko kubo ngale yure ngelixa belindile, belindele intsikelelo kaThixo ukuba ize phezu kwabo. Susa wonke umsindo, lonke ihlabathi, lisuke kubo, uze udale kubo intliziyo entsha. Uthe, “Ndiyakususa intliziyo endala, ndize ndibeke intliziyo yenyama. Kwaye Ndiyakubeka uMoya waM kula ntliziyo, kwaye bayakuhamba kwimimiselo yaM baze bagcine imiyalelo yaM.” Ngokuba, ngummiselo

wothando, kwaye hayi uxanduva. Ngowothando. Kwaye uthando lusinyanzela ukuba siwenze. Luxanduva lothando, luyasinyanzela. Luxanduva lwethu ukulandela uthando. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakulunikeza kuyo yonke intliziyo ethe yaphakamisa isandla sayo ngobu busuku.

<sup>229</sup> Kwaye abo abangaphakamisanga sandla, banga ngoku, ngobabalo, bangaphakamisa izandla zabo ukwamkela Wena, kwaye bazaliswe nguMoya Wakho kule inobulali, ilungileyo, ithuleyo, ithobekileyo indlela; kwaye bazaliswe lubabalo, baphume apha njengabantu abaguquliweyo. Indlela iintaka eziyakucula ngokwahlukileyo ngayo, indlela wonke umntu ayakwahluka ngayo, emveni kwale yure, Owu Nkosi EseNyangweni.

Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele Nkosi Thixo  
womhlaba,  
Izulu nomhlaba zizele nguWe,  
Izulu nomhlaba zibonga Wena,  
Owu Nkosi EseNyangweni.

<sup>230</sup> Nina ngoku kunye neentloko zenu ziqutyudiwe, nina abaphakamise izandla zenu ukuba nikhunjulwe emthandazweni, ingaba niyeva ngohlobo lokuba uThixo uthethile kuni ngendlela enjalo ngoku, hayi ngemvakalelo, kodwa nje into ethile esezantsi kakhulu entliziyweni yenu, niziva ngathi uThixo uninike uBomi obunguNaphakade? Niziva ngathi niphuma ecaweni ngobubusuku njengabantu abahlukileyo? Ningaphakasa izandla zenu emva ngobu busuku? UThixo akusikelele, nyana. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, dade. UThixo akusikelele. Injalo lonto. “Ndiyakusuka kwelibandla, ngobu busuku, umntu omtsha.” Iintsana ezintsha ebuKumkanini bukaThixo.

<sup>231</sup> Kwenzeke ntoni? Ndiyayazi luhlobo lokuza kwisiguqo. Eso sisiguqo seWisile, uhlobo lobuWisile, ndithetha. Yamiselwa kwibandla iWisile, kwimihla kaJohn Wesley. Ayizange ibekho kwimihla yeBhayibhile. “Kangangoko babekholwa bongezelelwa eBandleni.” Ungakholelwa naphina apho ukhoyo, phandle ebaleni, phandle estratweni, naphina. Naphina, ayenzi mahluko, nje ngoko nisamkela uKristu njengoMsindisi wenu. Sisenzo sikaMoya oyiNgcwele esiza entliziyweni yakho. Xana umkholwa Yena, umamkela Yena, udlulile ekufeni wangena eBomini, kwaye uba sisidalwa esitsha kuKristu Yesu.

Ungandedluli, Owu Msindisi olungileyo,  
Ngoku yima ngenyawo zakho.

. . . isikhalo sam esithobekileyo;  
Ngelixa Ubiza kwabanye,  
Ungandedluli.

<sup>232</sup> Ngoku ndifuna indoda esentsha nenenekazi, endiqikelela ukuba ngumfazi wayo, abathe baphakamisa isandla sabo,


ndifuna uphakamise isandla sakho kwakhona emva phaya; nyana, onebhatyi ebomvu, kunye nenekazi, okokuba bamkela uKristu njengoMsindiso wabo. Indoda esentsha ihleli phaya kwisitulo samavili, yamkele uKristu njengoMsindisi wayo, uvakalelwe ukuba uThixo uyisindisile. Kunye nabanye emva phaya abaphakamise izandla zabo, ziphakamiseni kwakhona ukuze abantu babheke, nibe nobudlelwana kunye nabo.

<sup>233</sup> Xhawulani isandla sabo, umntu othile phaya, omileyo ngakubo. Yithi, “UThixo akusikelele. Wamkelekile ebuKumkanini bukaThixo, mzalwana wam, dade wam.” Ubudlelwana, yilonto siyifunayo. UThixo akusikelele... Xhawula izandla nale ndoda esentsha esitulweni. INkosi ibe nayo. Injalo lonto. Siyanamkela ebudlelwaneni boMoya oyiNgcwele.

<sup>234</sup> Ukuba akuzange wabhaptizwa okwakalokunje, kwaye unganqwenela ukubhaptizwa, nyukela apha uze uxelele umalusi malunga nako. Iqula apha linawo namanzi kulo, ngobu busuku, ukuba ufuna ukubhaptizwa. Yonke into ilungele. (Ingaba beninalo ubhaptizo, kakade ngaphandle?) Kodwa iqula lilungele, ukuba nabani ufuna ukubhaptizwa. IBhayibhile yathi, “Guqukani, nonke ngabanye, nize nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe isono senu, naye niyakusamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni nakubantwana benu, abo bakude, nabaninzi eyakuthi iNkosi uThixo wethu ibabize.”

<sup>235</sup> NiyaMthanda? Phakamisani izandla zenu. Owu, Akamangalisi? Niyonwabela kangakanani leNcwadi yamaHebhere? Niyayithanda Yona? [IBandla lithi, “Amen.” — Mhl.] Ehe. Iyamangalisa. Ngoku, Iyalungisa. Owu, iqinile kwaye ithe tye, kodwa siyakuthanda okuya. Leya yindlela esifuna ukuba naYo. Asiyikuba naYo ngenye indlela.

<sup>236</sup> Ngoku, niyakholwa ukuba uPawulos ungunya lokuyishumayela Yona ngolwa hlobo? UPawulos wathi, “Ukuba iNgelosi iyeza ize ishukumayela nayiphi engenye ivangeli, mayiqalekiswa.” Injalo lonto? Ke siyamthanda Yena ngentliziyo yethu yonke.

<sup>237</sup> Ngoku ndizakucela umalusi eze apha nje ithutyana, oxabiseke kakhulu umzalwana wethu, UMzalwana uNeville, kwaye uyakuba nelizwi lokunixelela. Kwaye ngoku, ukuba iNkosi ithandile, siyakunibona ebusuku ngoLwesithathu, size senze amalungiselelo malunga nokuya kuMzalwana uGraham Snelling ukwenzela ubusuku bokuya silibandla. Kuze emva koko intshumayelo apha ukuqhubeka, ngesahluko se-7 ne-8, ngaloLwesithathu uzayo ebusuku. Mzalwana uNeville. 

*AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESIXHENXE 1* XHO57-0915E  
(Hebrews, Chapter Seven <sup>1</sup>)

IMIQULU YE<sup>N</sup>CWADI YAMAHEBHERE

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngeCawa, ngoSeptemba 15, 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)